

Imbewu Yokungangqinelani



Ndilikhethela ingongoma emfutshane olu rhatya, okanye isifundo esifutshane, ukuba iNkosi ithandile, ukuze sifumane umxholo waso, uphuma kuMateyu Ongcwele 13:24 ukuya kuma-30. Kwakhona ke ndi—ndifuna ukufunda ukusukela kumqolo wama-36 ukuya kuma-40, kwimizuzwana nje embalwa. Ngoku kuMateyu Ongcwele, isahluko se-13, siqala ngevesi yama-24 yesahluko se-13 sikaMateyu Ongcwele. Phulaphulisani ke ukufundwa kweLizwi. Amazwi am ayakusilela, kodwa elaKhe ngeke.

Wababekela omnye umzekeliso, esithi, Ubukumkani bamazulu bufanekiswa nomntu owahlwayela imbewu entle entsimini yakhe:

Kuthe ke, xa baleleyo abantu, lwafika utshaba lwakhe, lwahlwayela umdiza phakathi kwengqolowa, lwemka.

Ithe ke yakudubula, yakuba neenkozo, wandula ukubonakala nomdiza.

Bezile ke abakhonzi bomninindlu, bathi kuye, Nkosi, ubungahlwayelanga imbewu entle yini na entsimini yakho? Phofu iwuzuze phi na umdiza?

Wathi ke kubo, Ngumntu olutshaba owenze le nto. Bathi ke abakhonzi kuye, Uyathanda na ke ukuba siye . . . siwubuthe?

Uthe ke, Hayi; hleze nithi, xa niwubuthayo umdiza, nincothule nengqolowa kunye nawo.

Yekani kukhule ndawonye kokubini, kude kube sekuvuneni; ngexa ke lokuvuna ndothi kubavuni, Buthani kuqala umdiza, niwubophe ube zizithungu, utshiswe, kodwa yona ingqolowa yihlanganiseleni kuvimba wam.

² Niqaphele, “Buthani kuqala umdiza, niwubophe ube zizithungu”? Ngoku, ndifunda oku, kwabakho into engaqhelekanga efikayo kum ngexesha endandihleli phezu kweNtaba zeCatalina ngobunye ubusuku, ndisemthandazweni. Ndaza ndacinga, ndingaliqokelela phi ilizwi endinokulisebenzisa koku bendifuna ukuthetha ngako ngokuhlwanje?

³ Ndaza ndehla ndafumana igama elingu *discrepancy*, ndathatha isichazi-magama ke ndakhangela ukuba igama u-

discrepancy uthetha ntoni na. Uthetha ke kuku “hlwayela ukungevani,” okanye—okanye, “ukuchasana,” njengokutsho kukaWebster, “ukuhlwayela ukungevani, into eyahlukileyo,” okanye, “ukwahluka kwinto ebiselikhona.” Ndaza ke ndacinga, ingongoma ngokuhlwanje, ndizakuyibiza ngokuthi: *Imbewu Yokungangqinelani*. Ngokuthemba ke ukuba iNkosi iyakulisikelela iLizwi laYo ngoku sisasondela kuLo.

⁴ Siyazi ke kanaanalo ukuba Watolika, kumqolo wama-36 no—nokuya kuma-43, indlela eyakhula ngayo loo mbewu. Sisekuyo ke, masesifunda naleya ngokunjalo, ivesi yama-36 ngoku ukuya kuma-43.

Waza uYesu akuzindulula izihlwele wangena endlwini. Beza kuye abafundi bakhe, besithi, Sixelele umzekeliso womdiza wentsimi.

Waphendula ke wathi kubo, Lo uhlwayela imbewu entle nguNyana woMntu;

Intsimi ke lihlabathi, imbewu ke entle ngoonyana bobukumkani abo; umdiza ke ngoonyana bongendawo;

Utshaba ke olwawuhlwayelayo wona nguMtyholi; ukuvuna ke kukupheliswa kwephakade eli; abavuni ke zizithunywa zezulu.

Njengokuba ngoko ubuthwa umdiza, utshiswe ngomlilo, kuyakuba njalo ekuphelisweni kweli phakade.

UNyana woMntu uyakuthuma izithunywa zakhe, zize zibuthe, zikhuphe ebukumkanini bakhe, zonke izikhubekiso, nabo benza okuchasene nomthetho;

Zibaphose ezikweni lomlilo; khona apho kuyakubakho ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

Ayakwandula ke amalungisa ukubengezela ebukumkanini boyise wawo. Lowo uneendlebe zokwa . . . makeve.

⁵ NguYesu lowo enika ingcaciso yomzekeliso, ngokwaKhe, ngoko ke siyayazi ngoko ukuba ithetha ntoni na ingcaciso. Ngoku ke sisasondela koku, kokuhlwayelwa kwembewu no—nokuvuna, ngoku Uyayitolika. Ngoko ke ndiyakholwa ukuba uYesu wayewuthetha lo mzekeliso ngomhla waKhe, kodwa wayewuthethela ukupheliswa kwephakade, okanye, ukupheliswa kwesigaba, *ngulo* mhla ke lowo. Ndiyakholwa ke ukuba le tekisi incinci ngokuhlwanje iyeyona iyiyo yaleyure

siphila kuyo, ngokuba uYesu ngokucacileyo uthi apha “ukuhlanganiswa kuyakuba sekupheleni kweli hlabathi,” oko ke kuyakuba kuxa sesifikile isiphelo; ukuhlanganiswa kwengqolowa, nokuhlanganiswa komdiza ngokunjalo nokutshiswa kwawo, nokungenisa ingqolowa eBukumkanini. Ndiyakholwa ke ukuba kwakulolu hlobo.

⁶ Nesinye ke iSibhalo sindikhokelela ukuba ndikholwe ngolu hlobo, ndaye ndibhalile apha, uMateyu 24:24, apho sithe, sithetha nge—ngesihlalo, imbewu yokungangqinelani, uYesu wathi esi sibini siyakusondelelana kangangoko side sibe nokulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka. Phantse ngokuqinisekileyo ibe yinto enye.

⁷ Kukho enye indawo eSibhalweni ekubhalwe kuyo, ukuba imvula inela amalungisa nabangemalungisa.

⁸ Ndikhumbula amava am okuqala okuhlangana okokuqala nabantu bakwaMoya. NdandiseMishawaka, e-Indiana. Ndandikwingqungquthela enkulu, iholo ebunganga le, apho kwakuhlanganisene khona aMantla namaZantsi. Ngenxa yaloo mihla, yocalucalulo, kwafuneka ukuba bahlanganisane phaya phezulu. Babeziinkonzo ezimbini ezinkulu zabazalwana bakwaMoya. Ndandingazanga ndeva ngabo okanye ndihlangane nabo ngaphambili. Yayikokokuqala ndisiva xa kuthethwa ngeelwimi. Kwaza ekupheleni kobude, bengqungquthela...Mna ndingelolungu phakathi kwabo, ndandisengumlungiseleli oselula waseBhaptizi, ndahlala phaya emva kakhulu. Ndaye ndikhumbula ukuqala kwam ukuva umntu ethetha ngeelwimi, ndandingayazi nokuba yinto emalunga—emalunga nantoni na. Aze ke la madoda mabini, aphambili, ayehleli ngaphambili, omnye wayeye athethe ngeelwimi aze omnye atolike loo nto ithethwe yiloo ndoda. Kwalunga, ndaqalisa ke ukufundisisa iBhayibhile yam kangangoko ndandinako, apho ngoko, ndafumanisa ukuba loo nto yayingokweSibhalo. Yiloo nto kanye iSibhalo sathi, uMoya Oyingcwele uyakuyenza.

⁹ Kwaza ke, malunga nosuku emva koko. Ngobo busuku intliziyo yam yayiphazamiseke kakhulu. Ndalala entsimini yengqolowa. Ndandingafumananga mali yaneleyo yokuzifunela i—i—ibhedi, ngoko ke ndandinemali eyanele nje ukuya kufika ekhaya, ndaza ke ndazithengela ii-donuts, zinentsukwana ubudala, okanye amaqebengwana, yayingawo, ndisenzela isidlo sam sakusasa. Njengokuba ndandamkelekile ukudla nabo, kodwa ndandingenamali yakufaka phaya.

Ngaloo mihla ke, kwakukwimihla yengcinezeleko, ngowe-1933, ngoko ke kwaku—kwakuhambeka nzima kakhulu. Ndaza ke ndacinga, “Ke, ndingathini? Andifuni kudla nabo, kodwa ndifuna ukuyazi le nto babenayo. Banokuthile endingenako.”

¹⁰ Ngoko ke ngaloo ntsasa ndandi...bandicela besithi, “Bonke abefundisi mabeze eqongeni nizazise nje, ukuba ningobani na, nivela phi na.”

¹¹ Kwalunga ke, nda—ndathi nje kuphela, “NdinguWilliam Branham, umvangeli, eJeffersonville,” ndahlala phantsi. Ke, ngelo xesha ndandingoyena mfundisi uselula eqongeni. Ngemini elandelayo ke bandibizela eqongeni ukuba ndithethe. Kwaza emva kokuba ndathethayo, ngoba, saba nexesha elimnandi, ndaza ke ndahlangana nabantu ngabantu bendimemela kumabandla abo. Kwaza emva kokuba be... .

¹² Emva koko ke, ngoba, ndacinga, “Ukuba nje ndingaya apho ayekhona la madoda mabini abalaseleyo ayethetha ngeelwimi etolika!” Yayinditshisa ke loo nto etliziweni yam, ndandiyifuna ngeyona ndlela. Kulungile ke, njengokuba bendinixelele ekuqaleni, isipho esincinci nje ositsalayo. Uyazi, izibabalo nobizo zingaphandle kwenguquko, uba nazo ubomi bakho bonke, ’yabona, uzalwa nazo, ukuba zizizipho zikaThixo. Ngoko ke ndasoloko, ndiselusana oluncinane, yayisoloko isenzeka kum, abantu ababendazi ubomi bam bonke, bayazi ukuba yinyaniso leyo. Ke, ukuba ndacinga... . Ndandingayazi ukuba yayiyintoni na ngoko, ndiyibiza ngokuthi ngumbono, ndandingayazi nje into eyayiyiyo. Kodwa ndacinga, “Ukuba ndinokukhe nje ndithethe nawo!” Kube, nomoya owawulapho kweso sakhiwo wawuvakala njengoMoya kaThixo.

¹³ Ngoko nda—ndaqalisa ukuthetha nomnye wabo, ndaza ndambuza imibuzo embalwa, waye ke enguMkristu onguye wokwenene. Kwakungekho mathandabuzo ngaloo nto, laa ndoda yayilikhulwa lokwenene. Indoda elandelayo ke, ndakuthetha nayo, ukuba ndakhe ndahlangana nomhanahanisi, yayingomnye wabo lowo. Laa ndoda eneneni yayi... . Umfazi wayo wayenentloko egwangqa, wayenabantwana ke ko... . abantwana ababini kumfazi onentloko emnyama. Ndaza ndacinga, “Ke, yintoni ngoku? Naku, ndi—ndikhohlwe mpela. Ndingumntu okholwa ngokubona ke; kufuneka ibe liLizwi, kungenjalo asiyonyaniso. Nangu ke laa Moya, omnye uvakale, ngako konke

endikwaziyo, enyanisekile; omnye lo ke wayengalunganga konke; wabe uMoya esihla phezu kwabo bobabini. Ngoku, ingenzeka njani loo nto?” Ndandi, yandenza ndaxakwa.

¹⁴ Kwiminyaka emibini emva koko, ndandithandaza emqolombeni apho ndandiye ndithandaze khona. Kwabakho uthuli apho emqolombeni, kwaza ngenye injikalanga ndaphuma phandle, ndabeka iBhayibhile yam phezu kwesigodo somthi, waze umoya wayiphaphathekisa yavuleka kumaHebhere, isahluko se-6. Apho yathi, kuyakuthi ngemihla yokugqibela, into eyakwenzeka ukuba sithe sawa semka eNyanisweni saza sazihlaziyela enguqukweni kwakhona, akusekho dini ngenxa yesono, nangokuba imithana enameva neenkunzane, eyayikufuphi nengqalekiso, esiphelo sisa ekutshisweni; kodwa imvula iza phezu komhlaba, futhi, iwunyakamise, iwulungise; kodwa yona imithana enameva iyakwaliwa, kanti yona ingqolowa iyakuhlanganiswa. Ndaza ndacinga, “Hayi, ngumoya nje lo uyiphaphathekise yavuleka apha.” Ngoko, ndaphinda ndayibeka phantsi iBhayibhile kwakhona. Ndaza ndacinga, “Ke, ngoku ndizakusuka...” Naku kufika umoya uYivuthela ivuleke kwakhona. Loo nto yenzeka amatyeli amathathu. Ndaza ndacinga, “Ngoko, ngoku, isisimanga le nto.”

¹⁵ Ndaza ke ndaphakama, ndacinga, “Nkosi, kungani ukuba Undivulele laa Bhayibhile ukuze ndifunde okuya, ndi... ndathi ndakufika ezantsi kwelaa lizwi, ‘imithana enameva neenkunzane, ekufuphi nengqalekiso, esiphelo sisa ekutshisweni?’” Ndacinga, “Kutheni ukuze Undivulele laa nto kulaa ndawo?” Ndathi ngokujonga phaya . . .

¹⁶ Ngoku ke lemibono yokwenene iza ngaphandle kokutsalela emandleni konkekonke. NguThixo nje kuphela. 'Yabona? Ndakhangela ndabona ihlabathi elalivela lijikeleza phambi kwam, ndalibona lilinyiwe lonke. Kwakukho indoda evethe ezimhlophe, yahamba ijikeleza ihlwayela ingqolowa. Kwaza kwathi emva kokuba eyokusithela ngaphaya kwegophe lomhlaba; kwathi gqi indoda, ikhangeleka imbi, ivethe ezimnyama, yaye ke iphosa imbewu yokhula phezu kwayo yonke. Zantshula ke kunye zombini. Zathi ke zakwenza njalo, zanzanwa zombini, ngokuba kwakudingeka imvula. Nganye kuzo yakhangeleka ngathi iyathandaza, intlokwana yayo encinci igobile, “Nkosi, thumela imvula, thumela imvula.” Aza enyuka amafu amakhulu, yana nemvula phezu kwazo zombini. Yathi yakuna, ingqolowa encinane yaxhuma yaqala ukuthi,

“Mayibongwe iNkosi! Mayibongwe iNkosi!” Nokhula oluncinane lwaxhuma kwalapho kweloo cala, lwathi, “Mayibongwe iNkosi! Mayibongwe iNkosi!”

¹⁷ Waza wacaciswa loo mbono. Imvula ina kumalungisa nabangemalungisa. UMoya omnye ungehla enkonzweni, wonke umntu avuye kuwo: abahanahanisi, aMakristu, nabo bonke kunye. Kunjalo kanye. Kodwa yintoni na? Baziwa ngeziqhamo zabo. ‘Yabona? Kuphela kwendlela enokwaziwa ngayo leyo.

¹⁸ Ngoko uyakubona oko ngoku, kusukela ukuba umdiza, okanye ingqolowa yasendle nokhula uyilinganisa eyokwenene, ingqolowa yasekhayeni, ngendlela esondele kangangokuba inganokulahlekisa nabaNyuliweyo. Ndinga ukuba siphila kwisigaba esisiso, apho ezi zinto kufanele kushunyayelwe ngazo kuthethwe ngazo futhi.

¹⁹ Qaphela kwivesi yama-41, ezoo nto zimbini zisondelelene, zisondelelene kakhulu kwimihla yokugqibela ngokokude Angakwenzi. . . Wayengenakuxhomekeka kwinkonzo ethile ukuba izahlule, mhlawumbi, eyaMawisile okanye aMabhaptizi, okanye eyakwaMoya, ukuzahlula. Wathi, “Uthumela izithunywa zaKhe ukuze zizahlule.” Isithunywa sizela ukuzisa ukwahlula, ukucalucalula phakathi kokulungileyo nokubi. Akukho mntu ke unokukwenza oko ingeyiyo iNgelosi yeNkosi. Yiyo Eyakuxela ukuba yiyiphina into elungileyo iyiyiphi na engalunganga. UThixo wathi uyakuthumela iingelosi zakhe ngamaxsha okugqibela. Ingezongelosi zizakuhla *apha*, kodwa izithunywa ngemihla yokugqibela, zizokuhlanganisa. Siyazi ke ukuba leloo xesha lizayo lokuvuna ngoku. Ngoku, *ingelosi* xa icaciswa ngeliphandle “ngumthunywa.” Siyabona ke ukuba kukho izithunywa ezisixhenxe zamabandla asixhenxe, ke ngoku. . . Hayi, zikuzo zonke izigaba zebandla.

²⁰ Qaphela ukuba Wathi yayingobani abahlwayeli, kwakhona wathi yayiyintoni imbewu. Okokuqala, umhlwayeli yayinguYe, uNyana kaThixo, owaphuma wayakuhlwayela iMbewu. Kwaza kweza utshaba emva kwaKhe, olwalungoNgendawo, lwahlwayela imbewu yokungangqinelani, emva kokuhlwayelwa kweMbewu eyiyo. Ngoku, zihlobo, loo nto yenzeke kuzo zonke izigaba ukusukela oko lathi lakho ihlabathi. Ngokuqinisekileyo. Konke ukusukela ekuqaleni, yaqalisa iyinto enye.

²¹ Ngoku Wathi, “IMbewu kaThixo, iLizwi likaThixo.” UYesu watsho, kwindawo ethile, ukuthi, “ILizwi liyiMbewu.” Kwaye yonke imbewu iyakuvelisa okohlobo lwayo. Ngoku ke

ukuba uMkristu, abantwana bakaThixo, abantwana boBukumkani babe yiMbewu kaThixo, ngoko ke bafanele ukuba babeliLizwi likaThixo, iLizwi likaThixo libonakalalisiwe kwisigaba sexesha abaphila kulo, leMbewu yedinga yeloo xesha. UThixo wanikezela iLizwi laKhe ekuqalekeni, sonke ke isigaba sibe neMbewu yaso, nexesha laso, namadinga aso.

²² Ngoku, ukufika kukaNowa, waye ke wayeyiMbewu kaThixo, iLizwi likaThixo leso sigaba sexesha.

²³ Wathi akufika uMoses, wayengenakuza nomyalezo kaNowa, wawungenakusebenza, ngokuba wayeyiMbewu kaThixo ngeloo xesha.

²⁴ Kwaza kwathi akufika uKristu, Wayengenakuza nesigaba sikaNowa okanye sikaMoses; yayilixesha laKhe, lokuba intombi imithe izale uNyana, waye eyakuba nguMesiya.

²⁵ Ngoku, saphila sedlula kwisigaba sikaLuther, isigaba sikaWesley (isigaba saMawisile), konke kuzo zonke izigaba, nesigaba seeNkonzo zakwaMoya, kwaye sonke isigaba savelisa idinga leLizwi. Abantu beso sigaba sexesha, abalibonakalalisayo eloo lizwi lithenjisiweyo, bayiMbewu yeso sigaba sexesha, ngokubhekiselele kulento uYesu wayithethayo kanye kule ndawo, “Bangabantwana boBukumkani.” Kunjalo kanye. Ukubonakalaliswa koMoya Oyingcwele esebenza ngabantwana baKhe yiloo Mbewu yoBukumkani ngeso sigaba sexesha.

²⁶ Qaphela, umdiza yayingomnye, utshaba, uSathana, owahlwayela ukungevani, okanye i—okanye imbewu yokungangqinelani, yayinguye onetyala lokwenza le nto imbi kangaka. USathana wayihlwayela imbewu yakhe ukusukela ekuqaleni, wathi uThixo akubeka isivuno saKhe sokuqala sabantu emhlabeni. U-Adam, kakade, wayengekazi ukuba kwakukho u—ulwazi lwenyaniso, okulungileyo nokungalunganga, wayengekabi nakufika koko ke ngoko.

²⁷ Kodwa sifumanisa ukuba, uThixo wabanika iLizwi laKhe abantwana baKhe ukuba baziKhusele ngalo. Olwabo... Asinalo olunye Ukhusele ingelilo iLizwi likaThixo. LuKhuselo lwethu olo. Akukho ziqhushumbisi, nazikhusele, nazindawo zakuzimela, akukho zi-Arizona okanye ii-California, okanye nokuba kuphi na; lunye kuphela Ukhusele esinalo, kwaye liLizwi elo. ULizwi ke wenziwa waba yinyama wahlala phakathi kwethu, nguKristu Yesu ke lowo, nguYe kuphela ke Ukhusele lwethu. Ngokuba kuYe, sigcinakele.

²⁸ Nesono esi asibalelwa kwikholwa lokwenene. Ubuyazi loo nto? Lowo uzelweyo nguThixo, akenzi sono, akanako ukona. 'Yabona? Asibalelwa nokubalelwa kuye. Ngoba, uDavide wathi, "Inoyolo indoda angayikubalela sono kuyo uThixo." Xa ukuKristu, awunamqweniso wakona. "Onqulayo, ethe wahlanjululwa, akasenasazela kwisono," awusinqweneli. Ngoku kwihlabathini, usenokuba ngumoni, kodwa, kuThixo, awunguye, ngokuba ukuKristu. Ungangumoni njani xa ukuLowo ungenasono, abe uThixo ebona kuphela Lowo ukuye?

²⁹ Ngoku eli xesha lokuvuna. Ekuqaleni, akuhlwayela iMbewu yaKhe uThixo phezu komhlaba waza wayinkela ezintliziyweni zabantwana baKhe, usapho lwaKhe, ukugcina elaa Lizwi, yayikuphela koKhuselo lwabo, ukugcina elaa Lizwi! Nako ke kufika utshaba lwaluqhekeza olwaa Khuselo, ngokuhlwayela imbewu yokungangqinelani, ngokuchaseneyo neLizwi likaThixo! Ukuba yayikukungangqinelani oko ekuqaleni, isekuko nangoku! Nantoni na eyakongeza nantoni na eLizwini likaThixo, iseyimbewu yokungangqinelani! Andikhathali nokuba ivela phina, ukuba ivela embuthweni, ukuba ivela kwimithombo yasemkhosini, ukuba ivela kumagunya ezopolitiko, nantoni na echasene neLizwi likaThixo, iyimbewu yokungangqinelani!

³⁰ Xa indonda isima ithi ingumshumayeli weVangeli, ize ithi "iintsuku zemimangaliso zadlula," yimbewu yokungangqinelani leyo. Xa indoda iphakama ithi ingumlungiseleli, umalusi webandla kwindawo ethile, abe engakholwa ukuba uYesu Kristu usenguye ngayo yonke ingcaciso (ngaphandle komzimba wenyama), isenguye izolo, namhla, nangonaphakade, yimbewu yokungangqinelani leyo. Xa esithi "imimangaliso nesigaba sexesha labapostile zadlula," yimbewu yokungangqinelani leyo. Xa besithi, "Akukho nto injengempiliso eNgcwele apha," yimbewu yokungangqinelani leyo. Kwaye ihlabathi lizele yiyo. Iyayiminxa iyifuthanisele ingqolowa.

³¹ Siqaphela ukuba umhlwayeli wokuqala wembewu yokungangqinelani, waphawulwa ngokuthi "uSathana," kwaye siyazi ukuba kwakukwiGenesis isahluko so-1. Sikufumanisa apho, nalapha kwi—kwiNcwadi kaMateyu, isahluko se-13, uYesu usaphawula nakuphi na ukungangqinelani kwiLizwi laKhe ngokuba "nguSathana." Nalapha kulowe-1956, nantoni na ehlayela

ukungangqinelani, ngokuchaseneyo neLizwi likaThixo elibhaliweyo, okanye ibeke ingcaciso yokuzicombululela kuLo, iyimbewu yokungangqinelani. UThixo akayikuyihlonipha. Akanako. Ayinakuhlangana. Ayinako konkekonke. Lifana nembewu yemostade, aliyikuxubana nayo nayiphina enye into, awunakulixuba ulenze ibhastile, kufuneka ukuba ibe yinto eyiyo. Imbewu yokungangqinelani!

³² Ngoku sifumanisa ukuba, uThixo wahlwayela iMbewu yaKhe eMeyzweni wase-Eden, sifumanisa ukuba yavelisa u-Abheli. Kodwa kwathi uSathana akuhlwayela eyakhe imbewu yokungangqinelani, yavelisa uKayin. Enye yavelisa olilungisa; enye yavelisa ongelolungisa. Ngenxa yokuba u-Eva waphulaphula ilizwi lokungangqinelani, ngokuchaseneyo neLizwi likaThixo, yaze loo nto yaqala ukuqengqeleka kwebhola yesono kanye apho, okoko ke iqengqeleka ukusukela ngoko. Kwaye asinakuze siyikhuphe ngokupheleleyo zide izithunywa zifike ziyicalule le nto, uThixo abathabathe abantwana baKhe abase eBukumkanini, umdiza ke uyakutshiswa. Yiqaphela loo midiliya mibini.

³³ Ukuba nje besinexesha elithe chatha kule ngongoma, kodwa okokubetha nje iindawo eziphezulu, ukuze siye kanye ekuthandazeleni abagulayo kule mizuzwana imbalwa izayo.

³⁴ Qaphela, iimbewu zayo zakhula kunye kanye njengokuba uThixo watshoyo ngapha nakwisahluko se-13, sale tekisi yethu ngokuhlwanje, sikaMateyu, “Kuyekeni kukhule kokubini.” Ngoku, uKayin waya kwilizwe lakwaLuphalaphala, wazifumanela umfazi, watshata; u-Abheli ke wayebulewe, waza uThixo wavelisa uSete ukuba athabathe indawo yakhe. Zaqalisa ke izizukulwana ukukhula, phakathi kokulungileyo nokungalulnganga. Ngoku, siqaphela ukuba zahlanganisana, zonke ngazinye, ixesha nexesha, kwafuneka ukuba uThixo a . . . Yaba yinto engcolileyo kwada kwafuneka ukuba uThixo ayitshabalalise.

³⁵ Kodwa ekugqibeleni zenyuka zada zombini ezoo mbewu, imbewu yokungangqinelani neMbewu kaThixo, zavelisa iintloko zazo zokwenene, loo nto ke yayakutsho kuYuda Sikariyoti nakuYesu Kristu. Kuba, WayeyiMbewu kaThixo, Wayeyingqalo yendalo kaThixo, Wayengeyiyo nantoni na engeneno koThixo. UYuda Sikariyoti ke wazalwa engunyana wotshabalalo, evela esihogweni, waphindela esihogweni. UYesu wayenguNyana kaThixo, iLizwi likaThixo libonakalalisiwe. UYuda Sikariyoti, ngokungangqinelani

kwakhe, wayeyimbewu kaSathana, weza ehlabathini, ezele ukulahlekisa ke; kanye njengokuba wayenjalo ekuqalekeni, uKayin, uyise wangaphambili.

³⁶ UYuda yena wayedlala nje icawe. Wayenganyanisekanga ngamandla, wayengenakholo eneneni (ngewayengazange amngcatshe uYesu). Kodwa, uyabona, wahlwayela laa mbewu yokungangqinelani. Wacinga ukuba angakha ubuhlobo nehlabathi, ubutyebi, aze aphinde kwakhona enze ubuhlobo noYesu, kodwa kwakungasekho xesha kuye lokuba abe nento anokuyenza ngaloo nto. Yathi yakufika iyure yokugqibela, akuba eyenzile le nto ingcolileyo, wawela umgca wokwahlula phakathi kokuya phambili nokubuyela emva. Kwanyanzeleka ukuba aqhubeke kwindlela awayeyihamba, njengomlahlekisi. Wahlwayela imbewu yokungangqinelani, wazama ukuzithandisa kuloo mibutho mikhulu yaloo mhla, kubaFarasi nabaSadusi. Waze wacinga ukuba angazenzela intwanana yemali, kwaye ezakubaluleka phakathi kwabantu. Ukuba asiyiloo nto ebangela ukuba abantu abaninzi bangene koko kungangqinelani, bezama ukuzithandisa ebantwini! Masizithandise kuThixo, hayi ebantwini. Kodwa yile nto yenziwa nguYuda kwakuba kufumbe kuye oku kungangqinelani.

³⁷ Kwaye siyazi ukuba uYesu wayeliLizwi, UYohane Ongcwele 1, wathi, “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. ULizwi waba yinyama wahlala phakathi kwethu.” Ngoko, iLizwi liyiMbewu, yaza imbewu yaba yinyama yahlala phakathi kwethu.

³⁸ Ukuba ke uYuda wayeyimbewu yotshaba nokungangqinelani, nayo ngokunjalo yaba yinyama yahlala phakathi kwethu kubuntu bukaYuda Sikariyoti. Wayengazanga abe nolokwenene, ukhoho lokwenene. Wayenento *awayecinga* ukuba yayilukhoho. Kutho into ekukuba nokhoho; nokhoho lokuzenzisa.

³⁹ Ukhoho lwenyaniso lukaThixo luyakukholwa kuThixo, uThixo ke uliLizwi, aluyikongeza nantoni na kuLo. IBhayibhile iyasixelela ukuba ukuba songeza igama elinye, okanye sinciphise iLizwi libe linye, iasabelo sethu siyakususwa kwiNcwadi yoBomi, iSityhilelo 22:18, isahluko sokugqibela sokuvala.

⁴⁰ Ekuqalekeni kokuqala, iNcwadi yokuqala yeBhayibhile, uThixo wabaxelela ukuba bangaphuli nalinye iLizwi kuYo,

“iLizwi ngalinye limele ukugcinwa,” kumele ukuba baphile ngeLizwi. UYesu, embindini weNcwadi, weza wayithetha loo nto kwisigaba saKhe, waza wathi, “Umntu akayikuphila ngasonka sodwa, uyakuphila nga—ngaMazwi onke aphuma emlonyeni kaThixo.” Kuze kwisigaba sokuvala seSityhilelo, usixelele kwangaphambili, ukuba “Xa athe umntu wasusa iLizwi elinye eNcwadini, okanye wongeza ilizwi elinye kuYo, isabelo sakhe siyakususwa eNcwadini yoBomi.”

⁴¹ Ngoko ke akunakubakho nto ingaqondakaliyo, liyakuhlala liyinene, iLizwi elingangxengwanga likaThixo! Ngonyana bakaThixo abo, iintombi zikaThixo, ezingazalwanga ngakuthanda kwandoda, okanye ngokuxhawulana izandla, okanye indlelana ethile yobhaptizo; kodwa bezelwe kuMoya kaThixo, ngoMoya Oyingcwele, libe iLizwi liZibonakalalisa ngabo. YiMbewu eyinene kaThixo ke leyo!

⁴² Utshaba lujoyina inkonzo luze luthande kakhulu ukugcina isiko lemfundiso yomgaqo okanye into ethile. Kodwa oko asiyo. . . Kukungangqinelani oko, nantoni na ephazamisa laa msinga wokwenene weNyaniso yeLizwi likaThixo.

⁴³ Sazi njani ke? Sithi, “Kulungile, bona, ninalo ilungelo lokuYitolika?” Hayi, Mhlekazi! Akukho ndoda inalungelo lakutolika iLizwi likaThixo. Uyitoliki yaKhe Yena ngokwakhe. Uyayithembisa into, aze ke Ayenze, kukutolikwa kwayo ke oko. Uthi akuba EYithembisile, aze AYizalisekise, ibe kukutolikwa kwaYo ke oko. Nantoni na echasene neLizwi likaThixo ikukungangqinelani! Ngokupheleleyo!

⁴⁴ Ngoku, njengokuba benditshilo, uJudas akanalukholo lululo. Wayenokholo lokuzenzisa. Wayeno—nokholo awayecinga ukuba lowa yayiNgunyana kaThixo, kodwa wayengazi ukuba wayeyintoni na uNyana kaThixo. Ngewayengazanga ayenze loo nto. Kwaye indoda eyakwenzelelela ngeli Lizwi likaThixo ukuba liyiNyaniso, inokholo lokuzenzisa. Isicaka senene sikaThixo siyakuxhomekeka kwela Lizwi.

⁴⁵ Kubusuku obumbalwa obudlulileyo, umfundisi othile, e-Arizona, ingowesikhulu, isikolo esidumileyo kwesi sixeko, weza kum wathi, “Ndi—ndifuna ukukulungisa kwinto ethile” (Ndathi. . .) “xa uthe wanethuba.”

Ndathi, “Nali elona thuba lililo ndazi ngalo. Yiza ngeneno.”

46 Wawela ke weza, wathi, “Mnu. Branaham, uyazama... ndiyakholwa ukuba unenzondelelo unyanisekile, kodwa uzama ukungenisa iMfundiso yabapostile ehlabathini.” Waze wathi, “Isigaba sabapostile saphela kunye nabapostile.”

47 Ndathi, “Into yokuqala endiyakuthanda ukukubuza yona, mzalwana wam, uyakholwa ukuba lonke iLizwi likaThixo liphefumlelwe?”

Wathi, “Ewe, mhlekazi, ndiyakholwa ngokuqinisekileyo.”

48 Ndathi, “Ke, ungandibonisa eLizwini apho saphela, khona isigaba sabapostile? Ngoku, ndibonise apho ikhoyo, ndiyakukholwa kunye nawe.” Ndaphinda ndathi, “Umbhali wobupostile, lo wayenezitshixo zokuya eBukumkanini, ngomhla wePentekoste ekungenisweni kwesigaba sabapostile, bathi, ‘Madoda bazalwana, sithini na ukuze sisindiswe?’ Wathi, ‘Guqukani, ngabanye nonke, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, ukuze nixolelwe izono, naye niyakusamkela isipho soMoya Oyingcwele, kuba idinga likuni nakubantwana benu, nakubo bonke abakude, esukuba iNkosi uThixo wethu iyakubabiza.’ Ngoku, lingathini iLizwi ukuZiphikisa?”

Yathi loo ndoda, “Ndinomkhuhlane wengqele owoyikekayo ngokuhlwanje.”

Ndathi, “Ndicinga njalo, oku kwam.” ‘Yabona?’

49 Ngoku khawundixelele, usabiza nangoku uThixo? Ukuba usabiza uThixo, ngoko ke isigaba sabapostile sisekhona. Ngokuqinisekileyo! Nabo bonke esukuba iNkosi uThixo wethu iyakubabiza, uloko ebiza, eyakuloko ebiza, nabo bonke asukuba Eyakubabiza, iyakuba isesisigaba sabapostile, ngokuba uYesu Kristu ikwanguye izolo, namhla nangonaphakade.

50 Ngoku, sifumanisa ukuba namhlanje ukungangqinelani kuhlwayelwe kwisigaba ngasinye. Ukuba bekunokwenzeka ukuba ndiyifake yonke kulemizuzu ilishumi okanye ilishumi elinesihlanu ilandelayo, bendiyakwenza njalo, kodwa ke awunakuba nako. Oko kwabanjalo kuzo zonke izigaba... Sonke sakhe, uninzi lwethu lwakhe lwayifunda iBhayibhile. Ke ngoku njengokufika kukaYesu, waza wafumana okwakungangqinelani, kuchaseneyo. WayeliLizwi libonakalalisiwe, Wayeyindlela kaThixo yokutolika iLizwi, ngokuba wathi, “Ziphengululeni iZibhalo, ngokuba nina niba ninoBomi obunguNaphakade kuzo, zaye zona zingqina ngaM.” Nantso ke. Wa—Wayekukutolikwa kweLizwi. Wonke ke

unyana nentombi kaThixo ozelwe ngokutsha wesi sigaba ukukutolikwa kweLizwi. Niziincwadi ezibhaliweyo, ezifundwa ngabantu bonke. Ewe.

⁵¹ Qaphela, Wathi, “BaNdikhonza ngelize, befundisa ukungangqinelani njengeMfundiso. BaNdinqula ngelize, befundisa ukungangqinelani njengeMfundiso, imfundiso yabantu, imigaqo yabantu, befundisa loo nto ukuba liLizwi likaThixo, ngelixesha ingenanto yakwenza neLizwi likaThixo.”

⁵² Khangela, sigaba ngasinye savelisa isityalo, sonke isigaba senza njalo, nesethu ke asikho caleni. Sisekwa nento enye, esona sigaba sikhulu ke kunazo zonke ezinye zihlanganisiwe, kuba esi sisiphelo sezembali zehlabathi. Oku kokona kungangqinelani kukhulu kwakha kwakhona phezu kwehlabathi, koku kuphezu kobuso behlabathi namhlanje. Ukungangqinelani kwezinye izigaba kwabatsala bemka kuThixo oyinyaniso ophilayo, baya kwizithixo. Namhlanje, uYesu wathi kuMateyu 24:24 wathi iyakusondela kakhulu ide ilahlekise naBanyuliweyo ukuba bekunokwenzeka. Uthetha ngokungangqinelani! Owu, kunobuqhinga kakhulu. USathana ephakathi kwabantu, esisifundiswa sezibhalo kangako, enguGqirha woBungewe, enokulifundisa iLizwi phantse ngokugqibeleleyo. Watsho uYesu. Kodwa ke mkhangele, kuyakubakho ndawo ithile. Ayakuthi, “Hayi, ngoku, yayingeyoyoku.” Owu, ewe, yiyo, nayo, ’yabona, ngokuba uThixo wathi yayiyiyo.

⁵³ Khangela ke ukuba yenza ntoni na. Koko kungangqinelani kunye okwazisa ingqumbo phezu kwemihla kaNowa, akuba uThixo ethumele umprofethi waKhe washumayela njengomlilo odangazelayo, ebizela inguquko ebantwini, kwaza ukungangqinelani kwarhaxwa kwemka. Emva koko wenza ntoni uSathana? Wabuyela emva kwakhona, kuHam, waqalisa ukukuhlwayela kwakhona. Yinyaniso kanye leyo.

⁵⁴ Kwafika uMoses, umprofethi omkhulu, ukuza kunyusa abantwana bakwaSirayeli ebakhupha entlango. Kwenzeka ntoni? UMoses umprofethi omkhulu kaThixo, ebasisela iNyaniso ngokupheleleyo, iNyaniso engqinelweyo. Wayehlangene noThixo. UThixo wakuqondakalisa ukuba wayebonene naYe. Abo bantu ke ngeloo xesha, abaa babingeleli, babenazo ke iinkolo zabo, izithethe zabo, namatheko nento yonke, kodwa uMoses wema njengengcaciso

engqinelweyo yeLizwi. Ungayilibali loo nto! UMoses wayekukutolika kukaThixo idinga laKhe. Wayethe uyakulenza; wayekukutolika kukaThixo.

⁵⁵ Kwenzeka ntoni? Ibandla lalisandula kuphuma eYiphutha, kuzintsuku ezimbalwa lihamba ngeenyawo, kwenzeka ntoni ke? Wafika uSathana nokungangqinelani kwakhe esemntwini, uKayin wesibini, owayenguBhileham, waza wahlwayela ukungangqinelani phakathi kwabo. Siyazi ukuba yinyaniso leyo. Laa Bhileham, imfundiso kaBhileham, okwakuthi “siyinto enye sonke, sikhonza uThixo omnye nalo umkhonzayo,” ngokoko kubhaliweyo, wayenyanisile, ngokuba wanikela idini awalinikelayo uThixo; iinkunzi zegusha ezisixhenxe, iinkabi ezisixhenxe phezu kwezibingelelo ezisixhenxe, ethandaza kuThixo omnye ngokugqibeleleyo kanye njengokuba uMoses wayesenza phaya ezantsi entlango, emnye kanye. Kodwa babengekho banye! Oko kwakubonisa kuthi isithunzi sento eyayizakwenzeka. Kwakukho, kwakhona, uKayin ebonakalalalisiwe kubu—kubuntu bukaBhileham. NoThixo ke wayelapho ebonakalalalisiwe kubuntu bukaMoses, etolika iLizwi laKhe ngomntu ophilayo, eZazisa, isithembiso saKhe, ngomntu. Kwenyuka ukungangqinelani.

⁵⁶ Kwenjenjalo nangexesha likaJudas, nako efika nokungangqinelani kwakhe.

⁵⁷ Yaye, khumbula, esi sono abaa bantu babesikholelwa, sokuba “siyinto enye sonke, sikhonza uThixo omnye, kufuneka sonke sibe ngabenkonzo enye, kufuneka sibe ngabantu abanye,” eso sono akazange asixolelwe uSirayeli! UYesu wathi, ngokwaKhe, “Bafa bonke noko!”

⁵⁸ Batshabalala, bonke kwasala babathathu kubo, abo ke ngabo babambelelayo bakholwa kwisithembiso. Bathi abatyhafileyo bakuthi, “Asinakulithabatha eli lizwe, yinto esingenakufikelela kuyo leyo,” nezinto ezinjalo; uKalebhi noYoshuwa babazolisa abantu, bathi, “Singaphaya kokuba nako ukuyenza loo nto, ngokuba uThixo wasithembisa Yona! Andikhathali nokuba bathini na abamelene nathi!”

⁵⁹ Sisenako ke ukuyishumayela impiliso eNgcwele, nobhaptizo lukaMoya Oyingcwele, sibe sinawo nangoku amandla kaThixo okusahlula kwizinto zehlabathi. Watsho uThixo! Isigaba sexesha labapostile asizange sipele, kwaye asisayi kuphela, siqhubela phambili.

⁶⁰ Ngoko, sifumana laa mhlwayeli mdala mnye wokungangqinelani. Kwaye khumbula, eso sono asizange

sixolelwe. Ngoku, mzalwana, ukuba asizange sixolelwe ngoko, siyakuthiwani ngoku, ngelishesha i—imbewu yokwenene yazo zonke izigaba ihlanganisanayo?

⁶¹ Yiqaphele le nto inkulu uBhileham wayenzayo, yaqhubeka oko isiya phambili, yada ekugqibeleni yaphelela ekuzeni kuka—kukaYuda Sikariyoti, noYesu. Yayiyintoni ke leyo? UYuda noYesu yayingumfanekiso onguwo kaKayin no-Abheli. Kuba njengokuba uYuda wayekhohliwe, ngokunjalo noKayin wayekhohliwe. UKayin wakha isibingelelo, wenza umnikelo, wanqula uThixo, wayezondelela kanye njengomnye lo. Kodwa, 'yabona, wayengenaso isityhilelo sokuba laliyintoni na iLizwi. Wayecinga ukuba yayingu-Adam no-Eva abatya ama-apile athile okanye isiqhamo esithile. UKayin ke...u-Abheli, ngesityhilelo, wazi ukuba yayingeyonyaniso leyo; yayiligazi into eyabakhuphayo, waza wanikela ngemvana. UThixo ke wangqina ukuba umnikelo wakhe wawulungile. Wasuka ke wanomona wafuna ukumbulala umntakwabo. Kwaye njengokuba umntakwabo wambulalela phezu kwesibingelelo esinye apho lafela khona idini lakhe, imvana yafela phezu kwesibingelelo, ngokunjalo noYuda Sikariyoti wamngcatsha uYesu Kristu phezu kwesibingelelo sikaThixo, wambulala kanye njengokuba uKayin wambulalayo u-Abheli. Ngokuba, uKayin wayeyimbewu yokungangqinelani.

⁶² NoBhileham wayenjalo, umprofethi oqeshwayo, indoda eyayifanele ukuba yazi ngcono. NoThixo wayiyala ngemiqondiso nezimanga, lada ne-esile lathetha ngolwimi olungaziwayo, nangoko waqhubela phambili ngokufanayo. Wayezalelwe ukuba abe ngu—ngumhlwayeli wokungangqinelani.

⁶³ Ukuba ke uYesu wachaza kwangaphambili ukuba esi sigaba siyakuphela ngokona kukhulu ukungangqinelani kwakha kwakhona, isigaba sebandla laseLawodike, esidikidiki, baMkhuphele ngaphandle kwenkonzo, ingathini ukuba yenye into ke ingekuko ukungangqinelani! Ngokuqinisekileyo, kuko. Kugqibezela eso sigaba.

YayinguKayin no-Abheli kwakhona phaya eKalvari.

⁶⁴ Ngoku qaphela, njengaxesha lonke, wathi nje ukuba uYesu emke, aye eZulwini, uMoya Oyingcwele wathunyelwa apha emva. YayiyiMbewu leyo, uMniki-bomi kwiLizwi, njengokuba besithetha phezolo. Nguye Lowo uliphilisayo iLizwi. *Ukuphilisa* kuthetha “ukuzisa eBomini.” UMoya Oyingcwele

wokwenene uzisa eBomini iLizwi elinguWo. Awusayi kuzisa mgaqo eBomini, Awunako, kuba Awuyonto kumgaqo. UbuBomi beLizwi likaThixo, kuba UnguThixo. 'Yabona? Kwaye Uyawuphilisa laa Mzimba.

⁶⁵ Ngoku qaphela, njengoko benzayo. Ngoko, njengoko yatshoyo iBhayibhile, no—noYohane wathethayo nabantwana bakhe, wathi, “Bantwanana, nivile ngomchasi-Kristu lowo uzayo ehlabathini,” wathi, “lowo usele esehlabathini kakade, usebenzayo nokusebenza kubantwana abangevayo.” Ngoku, kwasekukudala ngoko kwisithuba samashumi amathathu eminyaka emva kokufika kukaMoya Oyingcwele. Sifumanisa ukuba, akufika uMoya Oyingcwele, iMbewu yokwenene, uMphi-Bomi wokwenene kwiMbewu, nako kufika okwa kungangqinelani kungena kwakhona. Kwaye qaphela, kwaqhubekela phambili. Kwakune . . .

⁶⁶ ILizwi lokwenene lingqinelwe, abo baprofethi bakudala balingqinela iLizwi likaThixo ukuba liyiNyaniso ekuhambeni kwabo. Ukuba kukho umntu owakhe wayifunda iNicaea Council, okanye i-Pre-Nicaea Council, ezaa ntsuku zilishumi elinesihlanu zezopolitiko eziphalaza igazi, ngelaa thuba elaa qela lamaRoma ngoko ayefuna ukungena enze ihlelo ngelaa bandla. Bafika abaprofethi bambethe iimfele zeegusha, besidla imifuno, balimela elaa Lizwi! Kodwa yenza ntoni loo nto? Yafanela ukuba ibe njengoKayin, yafanela ukuba ibe njengo-Abheli, kwafuneka ukuba kubekho umntu ofayo. Ngokuqinisekileyo, yenza loo nto. ILizwi laphulukana nempembelelo yalo phakathi kwabantu, bonke bavotela ukulikhupha iLizwi eliyinyaniso bathabatha imigaqo yokungangqinelani kwenkonzo yakuqala yamaKatolika. Bongeza upopu, bongeza ubhishophu, bongeza *oku*, *noku*, *nokuyaa*. Bayisusa intsingiselo eyiyo yenyanyiso kaPetros, neka—eka—ekaMariya, nako konke; benza izithixo, abenza kwanto yalitheko lobuhedeni ngento ebizwa ngokuba yinkolo yoBukristu. Yayiyintoni na? Yimbewu yokungangqinelani! Yathi yenza umbutho, yenza umbutho, okokuqala emhlabeni, ibandla. Yayiyintoni na? Laa mbewu yokungangqinelani yaqala ukuhlwayela, into ekukongeza, ukususa.

⁶⁷ Ngubani owakhe wayiva, eBhayibhileni, ukungatyiwa kwenyama ngoLwesihlanu? Ngubani owakhe weva, eBhayibhileni, nantoni na enjengokuphehlelela endaweni yobhaptizo, ukuntywilisela? Ngubani owakhe weva ngezo zinto, u “Mariya, Ongcwele” okanye into enjalo? Ngubani

owakhe weva ngenye yalempambano yalaMaprotestanti, futhi? Imbiza ayinakugxeka iketile. Kunjalo! Kanye, onetyala lokuncinane unetyala lako konke! Ngubani owakhe weva ukuba uThixo usebenza ngombutho? Ndibonise ixesha libe linye apho elinye lakha lazenza umbutho laza lahlala liphila. Afa kwangoko, akaze abe avuke kwakhona! Lixesha lokuba kubekho into eqhubekayo, lixesha lokuba uThixo ahambe. Nibulala impembelelo phakathi kwabantu.

⁶⁸ Kwenzeka into enye namhlanje. Bayayibulala impembelelo, bathi, “Owu, elaa qela labazenzisi, akukho nto ililo.” Kwaye, ngoba, kukungangqinelani! Hlangana neLizwi ubuso ngobuso ubone ukuba Liyintoni na, ubone ukuba uThixo uyalitolika na iLizwi ELilelaKhe. UThixo unakho ukumvelisela abantwana kulamatye u-Abraham. Amen.

⁶⁹ ILizwi labonakalaliswa ngokupheleleyo ngalaa Makristu akuqala, ngendlela awawahlangula ngayo uThixo kwinto yonke, nakwizifo, baye babenabaprofethi, babethetha nangeelwimi, becacisa, bakhupha imiyalezo eyaqondakaliswayo ukuba iyinyaniso kanye ngalo lonke ixesha. Kodwa phambi kwalo lonke elo Lizwi lingqinelweyo, abantu bavotela ukuLikhupha, bavotela ihlelo. Ngunina wawo wonke umbutho ke lowo.

⁷⁰ Kokubini kukhulile ngoku. Ziqalile ukuvelisa nembewu kwakhona. Lafa laphela, kodwa labuya ladubula kwakhona ngemihla kaLuther, njengokuba sisazi ngokwalaa myalezo wokuqala apha ngalaa ntsasa yesidlo sakusasa. Ladubula ngomhla kaLuther. Ngoku, benza ntoni? Kwathi nje emva kokufa kwaloo ndoda inkulu, benza umbutho.

⁷¹ Laa dubula. Kwaza kwakhona ngemihla kaJohn Wesley, ngexesha onke ama-Anglican, nalo lonke ukhuseleko lwabo lwanaphakade nento yonke seluphantse ukuba yinto yehlabathi liphela, kwenzeka ntoni ke? UThixo wavelisa indoda ebizwa ngokuba nguJohn Wesley, waza wayibulala yonke loo nto. Kwaza kwathi nje ukuba afe, inguye no-Asbury nabanye, kwenzeka ntoni? Bazenza umbutho, ngoku ke baneendidi zonke zaMawisile. Kwaza emva koko kwafika omnye okanye omnye, o-Alexander Campbell, John Smith, nabangabanye.

⁷² Ekugqibeleni, kwagqabhuka iPentekoste, iphuma kuloo nto yonke. Kwenzeka ntoni ngoko? Babebaleka kakuhle, nathintelwa yintoni? Niphindele emva kwakolwaa daka

naniphuma kulo, nibuyele kwakuloo mgxobhozo, nibuyele kwasekungangqinelanini nasekwenzeni imibutho, kwafuneka ukuba nenzelele ngeLizwi. Kwaye ngalo lonke ixesha uThixo ethumela into entsha, anizange nibe nakuyamkela. Injalo loo nto! Kukungangqinelani kwakhona! Kwakhona, qaphela, njengokuba ndatshoyo ngenye imini, olwaa qweqwana lokuqala luntshula lusuka kule ngcambu, luyenyuka luze emagqabini luphinde lunyuke luye kwimpontshane, luze luphindele esiqwini kwakhona, luphume. Olwaqweqwana lwengqolowa phantse likhangeleke okokhozo buqu, kwaye sasicinga ukuba lilo, kodwa wakuluvula, akukho ngqolowa apho konke. Lungumncedisi nje wokuba ingqolowa ikhule ngalo, luyafa ke nalo, buze ubomi buphume kulo buyokungena ekhozweni. Qaphela, ngoko iinkonzo ezahlwayela bazibiza...

⁷³ Sifumanisa ukuba namhlanje izinto ezibizwa ngokuba ziinkonzo, kwanezi zethu zikaMoya, saphuma, asizange sibe nakwaneliseka, kwafuneka ukuba senze amaqela angawethu. Kwenyuka yonke into, kwafuneka ukuba sibe *noku*, kwafuneka ukuba sibe *noku*, kwafuneka ukuba sibe nelinye iqela. Waphakama ke lo mfo, wathi, “Uza ephezu kwelifu elimhlophe.” Omnye wathi, “A-ah, uza ekhwele ihashe elimhlophe.” “Kulungile, sizakwenza amaqela amabini.” ‘Yabona ukuba yintoni na? Kukuhlwayelwa kokungangqinelani! Ekuzeni kwaKhe, nokuba yintoni na, Uyakutolika iLizwi ElilelaKhe Akufika. Masilinde kude kube lelo xesha. Bamba i...Sisathetha ngaloo nto, akuwufumani nokuwufumana uMyalezo walo mhla. Wasoloko usalatha kwinto azakuyenza uThixo, okanye into Asele eyenzile, ungayikhathalelanga le Ayenzayo. Yiloo ndlela esikufaka ngayo ukungangqinelani apha kuyo.

⁷⁴ Ngoku siqaphela ukuba namhlanje iinkonzo zethu, zonke—zonke iinkonzo zethu zihlwayele emimoyeni, zaza zavuna uqhwithelo. Asinazo iindibano zemithandazo, asinazo iinkonzo esasikade sinazo. Yintoni undonakele? Siziyeke zehla iintambo kwinto yonke. Khangela, nditsho nakwiinkonzo zethu zakwaMoya, zihleli zizele ngabafazi abanqothula iinwele. Loo nto yayifudula ingavunyelwa. Beziqaba ubuso, beqaba nezinto zeenzipho, nazo zonke intlobo zezinto; bafumane indoda apha phandle...ooRickie abancinane nezinto ezinjalo; abatshate kathathu mhlawumbi nakane, namadikoni; owu, kokunjani kona ukungangqinelani!

Kukungcola! Bayenza njani loo nto? UThixo wayengenakuba nayo kwiBandla laKhe, kwafanela ukuba baye kumbutho ukuze babe nokuyingenisa kuwo. Umntu oyike ukuba nento anokuyithetha ngayo, kuba bangasuka bakhatyelwe ngaphandle kombutho. Thixo, siphe amadoda angahlangananga nanto ngaphandle koThixo neLizwi laKhe, ayakuthetha iNyaniso ngalo. Yiloo nto kanye ke esiyisweleyo. Yintoni ke esiyenzileyo? Sihlwayele ukungangqinelani. Sihlwayele emimoyeni, ngoku ke sivuna uqhwithelo.

⁷⁵ Qaphela ngoku ukuba ziyahlanganiswa zihlanganiselwa ukutshiswa. Uqaphele ukuba, uYesu wathi, “Okokuqala, wuhlanganiseni udibane, wubopheni ube zizithungu, emva koko nizidibanise izithungu zibe yinqumba enye, Ndizakuzitshisa ke ngoko.” Kukho inyanda encinane ebizwa ngokuba ngaMawisile, aMabhaptizi, aMapresbhitari, aMarhabe, zihlanganiswe zonke zadityaniswa kwiBhunga leeNkonzo zeHlabathi. Yintoni na? “Zihlanganiseni kuqala!” Haleluya! Uqaphele ukuba, Uhlanganisa umdiza kuqala, awususe umke kwingqolowa, uyawahlula, “Wuhlanganiseni niwudibanise utshiswe.” Zonke ziyakutshiswa ngumgwebo kaThixo, ngenxa yokuhlwayela ukungangqinelani phakathi kwabantu, izinto aba... Benokumila kokuhlonela uThixo, bewakhanyela aMandla ako, bekhanyela iLizwi, ngenxa yokubamba amasiko athile enkolo omgaqo othile athe umntu othile wawungenisa, ezama ukuwufaka kwiLizwi likaThixo. Awunakusebenza! Kukungangqinelani.

⁷⁶ Ndiyakhwaza namhlanje, njengokuba kwakunjalo, kumprofethi omkhulu wakudala, u-Amos, akuhla ayokungena kweso sixeko, wathi, “Andingomprofethi, ndingenguyey nonyana womprofethi. Kodwa xa ingonyama igquma, ngubani na ongenakoyika!” Wathi, “Akuthetha uThixo, ngubani na ongayi kuprofetha.” Waxela kwangaphambili ukuba kuyakubakho umgwebo kweso sizukulwana, wathi, “Kwayena lo Thixo nibanga ukuba niyamkhonza uyakunitshabalalisa.”

⁷⁷ Nize nikugcine oku, kusekhasethini, nize nikhumbule. Kwayena lo Thixo u... Aba bantu ngoku bahlanganisa sonke esi sivuno sikhulu se—seBhunga leeNkonzo zeHlabathi. Kwaye kuyakufuneka ukuba ningene kulo. Aninakuhlala ngaphandle kwalo. Kuyakuba phakathi kokuba niphume kulo ngabanye, kungenjalo niyakungena kulo. Akusayi kubakho mihlaba iphakathi naphakathi. Liyakuba liphawu lerhamncwa. Kungabikho mntu uyakuthenga okanye athengise, ngaphandle

kwalowo unophawu, okanye abe nokungangqinelani. Ngoku, hlalani ngaphandle kwalo! Phumani kulo! Libalekeni! Hlalani kude kunalo! Lo Thixo babanga ukuba bayamkhonza uyakubatshabalalisa. UThixo omkhulu wothando ongayi. . .

Bathi, “Kulungile, uYesu wathandazela ukuba sibe banye sonke.”

⁷⁸ Ngoko ke Watsho nokuthi, “Ningahamba kunye njani, ababini bangahamba kunye na, bengavani?” Wathi “babebanye,” njengokuba Yena noYise beBanye. UYise ke yayiliLizwi, Yena ke wayeliLizwi libonakalalisiwe. Waye “Mnye” ke noYise, ngokuba Wayesisibonakaliso seLizwi elithenjisiweyo likaThixo. Kunjalo ke nanamhlanje, okanye nangawuphi na omnye umhla. Ewe, mhlekazi. Laa Thixo Mnye, Ufuna ukuba sibe banye.

⁷⁹ Kungakunye njani *oku*, *oku* kulukhanyela uzalo yintombi, kube *oku* kungenzi njalo, kukhanyela impiliso eNgcwele, kube *oku*, *okuya*, zonke ngazineye zikwindibandiba enjalo? Ezinye zazo azikholwa nokukholwa kuThixo, azikholwa ukuba WayenguNyana kaThixo; zikholwa ukuba Wayengunyana kaYosefu, *ebizwa* ngokuba nguNyana kaThixo. Ngokuqinisekileyo. Umnakwabo oliwele kuMarhabe, abaka Zwingly, bakholelwa kuloo nto, ukuba Wayeyindoda nje elungileyo ngokupheleleyo. INzululwazi yoBukristu yathi Wayengumprofethi, indoda nje eqhelekileyo, wayengenguye onobuThixo. Ngoba, ukuba Wayengenguye onoButhixo, Ungoyena mlahlekisi mkhulu lakha lanaye ihlabathi. WayenguThixo okanye ke kwakungekho nto inguYe. WayenobuThixo! WayebubuNgcwele, ngokwaBo, benziwe inyama phakathi kwethu, kubuntu bukaNyana kaThixo. Ngokuqinisekileyo, yiloo nto Awayeyiyo.

⁸⁰ Ngoku siyabona ukuba ukungangqinelani kungenile. Siyazi ukuba kulapha, akukho mntu unokukukhanyela. Owu, bethu! Qaphela nje. Uyakulitshabalalisa elaa qela eliya libanga ukuba likhonza uThixo. Uzuyijonge nje.

⁸¹ UThixo wahlwayela iMbewu yaKhe. Ndiyavala, kuba lixesha lokuqalisa umgca wokuthandazela. UThixo wahlwayela iMbewu yaKhe, iMbewu yaKhe ke nguKristu. Ndiza kushumayela ngaloo nto ubusuku obumbalwa, apho uThixo wagqiba ukulibeka khona iGama laKhe, iNkosi ithandile, mhlawumbi kwesinye sezidlo zakusasa apho ndinexeshana elithe chatha. Khangela nguYe kuphela iNdlela yokusinda. NguYe kuphela iPotentate lenyaniso. NguYe

kuphela uThixo oyinyaniso, akukho wumbi ngaphandle kwaKhe. “NdinguThixo, uThixo kuphela,” Watsho. UYesu wathi, “Nguwo lo umyalelo: Yivani, Sirayeli, NdinguYehova uThixo wenu, uThixo omnye qha. NdinguYe. Kungani ukuba nikhangele omnye? Omnye uyakuza...Ndize eGameni likaBawo waM, ke aniNdamkeli. Kodwa omnye uyakuza egameni elilelakhe, niyakumamkela ke yena.” Kube ke bayenza loo nto eNicaea.

“UnguMkristu?”

“NdinguMbhaptizi.”

“UnguMkristu?”

“NdinguMpentekoste.”

“UnguMkristu?”

“NdinguMwisile,” elinye igama.

⁸² Kodwa kuthi kwakufika kwiGama lika “Yesu Kristu,” bahambela kude kuLo kangangoko benokuba nako, abafuni kuba nanto yakwenza naLo, kuba ULilizwi kwaye iLizwi liyaZivakalisa. Qaphela, kuphela kweNdlela yokusinda! UnguMfiyo waseSharon, iBhayibhile yathi Unguye. Sonke isihloko (eBhayibhileni) sikaThixo sesikaYesu Kristu. Wayengu-Alfa no-Omega, iSiqalo neSiphelo; Lowo Wayekho, Ukhoyo, Uzayo; iNgcambu neNzala kaDavide, kokubini iNgcambu neNzala kaDavide; iKhwezi loKusa, uMfiyo waseSharon, iNtyatyambo yaseZihlanjeni, u-Alfa, u-Omega, uYise, uNyana, uMoya Oyingcwele, konke kukuYesu Kristu! Wayesisibonakalaliso esipheleleyo sikaYehova uThixo enziwe inyama ukuze ahlale phakathi kwethu. Yiloo nto kanye ke Awayeyiyo!

⁸³ WayenguMfiyo waseSharon. Benza ntoni ngoMfiyo waseSharon? BaWukhama, baWucumza, ukuze babenokufumana isiqholo kuWo. Intyatyambo i-rose entle kufuneka ukuba ikhanywe ukuze kufumaneka isiqholo kumfiyo. Kwaye yayibuBomi obuhle obuya, akuzange kubekho Bomi bakha baphilwa bunjengaBo, kodwa kwafuneka ukuba Bukhanywe phaya eKalvari.

⁸⁴ 'Yabona, bathabatha i-intambiso yoMfiyo waseSharon bawugalela phezu ko-Aron, kwakufuneka athanjiswe ngoko ukuze abe nokuya phambi kweNkosi kwindawo engcwele, kwikhuselo elingcwele. Kwafuneka ukuba athanjiswe ngoMfiyo waseSharon, ukuze angene ayokufefa isihlalo

senceba nyaka nonyaka. Loo ntambiso ke kwakufanele ukuba ibe phezu kwakhe, ilivumba elimnandi eNkosini, ebeka igazi lemvana phambi kwakhe, emva kokuba naye etshiziwe yimvana. Ii-pomegranites neentsimbi zijikeleze isambatho sakhe, kwakufuneka ukuba ahambe ngenyathelo elithile, zibetha u “uyingwele, uyingwele, uyingwele uYehova.”

⁸⁵ Qaphela, Unguloo Mfiyo waseSharon, eloVumba limnandi, iNtambiso kubantu baKhe. Awunakuza phambi kwaKhe ngawo nawuphi na umgaqo, nayo nantoni na enye, kuphela kuxa uthanjiswe ngalaa Mfiyo waseSharon, iLizwi. Ukwaiyo neNtyatyambo yaseZihlanjeni.

⁸⁶ Ngoku, uyifumana njani i-opium? Uyifumana i-opium wakuthabatha intyatyambo uyikhame, utsho ufumane i-opium. Oogqirha bayisebenzisa kumagumbi abo amachiza. Bathabatha indoda ephithikezeke intloko ebulawa ziingcinga, okanye umfazi, eziva ngokungathi uzakuphambana, ejikeleza emgangathweni ekhala, ephaphazela, ugqirha uyakuthabatha intwana ye-opium yakhe yentyatyambo ayifake ingene engalweni yakhe okanye emthanjani kwindawo ethile, nokuba ngowendonda, baze bathomalale bazole. Kube kuphele konke okomzuzwana. Kodwa nje ukuba laa opium iphele, nako beqalisa kwakhona, ngaphezu kokuba babekhe banjalo.

⁸⁷ Kodwa ndizakunixelela, zihlobo, oko kungumzekelo nje we-Opium yokwenene ephuma kwiNtyatyambo yaseZihlanjeni endiyaziyo. NguYe iNtyatyambo yaseZihlanjeni. Wakhanywa eKalvari. Wahlatywa ngenxa yezikrefo zethu, ngemivumbo yaKhe saphiliswa. Koko, oko kukhanywa kweentyatyambo. WayeyiNtyatyambo. Wayeyeyona Ntyatyambo inkulu yakha yakhula, yayiyi yileNtyatyambo yaseZihlanjeni, ikwangulo Mfiyo waseSharon. Ngoku uyajinga ngokuhlwanje, wolulwe phakathi kwaMazulu nehlabathi, ndiyakholwa, Wayenjalo ngeloo xesha, gxebe, uku-ukususa isono sehlabathi nokubuyisela impiliso ehlabathini. IBhayibhile nayo yathi ikwanguYe izolo, namhla, nangonaphakade.

⁸⁸ Sihlobo, ngexesha uThixo wayexelela uMoses, entlango, owaye ngu-ngumzekelo waKhe, ukuba aphakamise inyoka yobhedu. Ubhedu ke lumele isono sigwetyiwe, inyoka imele, *inyoka yobhedu* imele “isono esele sigwetywe kakade.” Njengokuba, *ubhedu* lu “ngumgwebo Ongcwele,” njengesibingelelo sobhedu apho ayebekwa khona amadini. No-Eliya wakhangelela phezulu waza wathi isibhakabhaka sasifana

nobhedu, umgwebo ongcewele phezu kwesizwe esingakholwayo esasikreqile kuThixo. Ubhedu lumele umgwebo, umgwebo Ongcewele. Yona ke inyoka yayimele isono esele sigwetyiwe; uYesu ke wayeyiloo nyoka yenziwe isono ngenxa yethu, waza wayithabathela kuYe imigwebo kaThixo. Wahlatywa ngenxa yezikreqo zethu, wakhandaniswa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa, ubetho lokuba sibe noxolo thina lube luphezu kwaKhe, siphiliswe ngemivumbo yaKhe.

⁸⁹ Owu, uThixo uzalise ibhokisi yaKhe yamachiza nge-Opium, ngokuhlwanje, esenzela wena. Sihlobo esinguMkristu, uyagula uhlupheka nokuhlupheka. Owu, udiniwe, kulukhuni nje kakhulu kuwe. Awunakumelana nako kwakhona elinye ithuba, uya—uyakuba yindlobongela kulomhla wangoku siphila kuwo.

⁹⁰ Benikhe nayiva i*Lifeline* ngokuhlwanje, laa nto bayithethileyo, ukuba—ukuba i-Russia ithi, ngowama-55, ukuba bayakuba “bethabatha ulawulo olupheleleyo lwehlabathi lonke”? Phambi kokuba kube nokuhla oko, kunyanzelekile ukuba lufike uXwilo. Ngoko kusondele kangakanani, sihlobo? Kulapha kanye kufutshane kusondele ngoku kusemnyango.

⁹¹ AwunakuMfuna ngokuhlwanje ngentliziyo yakho yonke. NguYe iNtyatyambo yaseZihlanjeni, kwaye ikwanguYe izolo, namhla, nangonaphakade. Ulapha ngokuhlwanje ukuze Aziphakamise phakathi kwabantu baKhe, kanye njengokuba uMoses wawuphakamisayo u—umqondiso wesono, sigwetyiwe. Ingesosono sodwa ke, kodwa nokugula. Khumbula, uYesu wathi, “Njengokuba uMoses wayiphakamisayo inyoka yobhedu, umelwe kukuphakanyiswa ngokunjalo uNyana womntu.” Wayiphakamisela ntoni uMoses? Kwakungenxa yesono, ukungakholwa, nangenxa yesifo. UYesu waphakanyiswa, naye, ngenxa yesono, isifo nangenxa, yokungakholwa. Wayesekwayinto enye.

⁹² Ngoku, ngokuhlwanje, ngemihla esaba nokukungangqinelani kukhulu, uYesu Kristu wathembisa kuLuka, ukuba ngemihla yoku, phambi kokufika kweNkosi, kuyakuba njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom, naxa uNyana womntu asukuba eyakuZityhila, njengokuba uNyana womntu waZityhilayo ku—Abraham phaya kudala; u—Elohim, uThixo, enziwe inyama phakathi kwabantu, waza wahlala no—Abraham wambonisa, wamxelela into awayecinga ngayo uSara (ehleli emva kwakhe) ententeni, Engazange wambona.

Wamxelela into awayeza...Wambiza nangegama lakhe, "Sara." "Abraham," hayi eliya—hayi eliya gama lakhe u-Abram, waqala kanye ngo, Abraham zisuka nje. Hayi uSarayi, S-a-r-a-y-i; kodwa u S-a-r-a, "Uphi umkakho, uSara?"

Wathi, "Usententeni emva kwaKho."

⁹³ Wathi, "Ndiyakukutyelela ngokwexesha lobomi," Waze umfazi wahleka. Wathi, "Yini na ukuba ahleke?"

⁹⁴ Ngoku, uYesu wathi, "Kanye phambi kokuba ukungangqinelani okukhulu kuhlangukelwe ukutshiswa, ukuba uNyana womntu uyakuZityhila kanye ngendlela Awenza ngayo ngokuyaa." Kwaye oko kuku...Yintoni na? Kukuphakamisela phezu, ngokutsha, phambi kwenu, ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhla, nangonaphakade. Niyayikholelwa loo nto? Masithobise iintloko zethu ke ngoko sithandaze.

⁹⁵ Thixo othandekayo, siyaKuthanda. ILizwi laKho likangako—kangako ukuzala kukutya kuthi, Nkosi. SiLithanda kakhulu! Siplila ngaLo, Nkosi. Kukhangeleka ngathi indebe yethu ayize yanele. Sikuthanda mpela ukuhlala esithebeni saKho, singqonge iLizwi laKho, sixhamle iintsikelelo, Nkosi, sakuhlangana ngoluhlobo, singabazalwana noodade abathengwe-ngeGazi nguNyana kaThixo, abayintengo yeGazi laKho. Siza apha ke ngokuhlwanje, Nkosi, sibunikelele ukuthandazela abagulayo obu busuku. Kwaye ngokweziBhalo, Watsho ukuthi "ngemivumbo saphiliswa." Akuseyomfuneko ukuba sathandaza ngoko (kukuvuma izono zethu kuphela), kuba ngemivumbo yaKho sa—(kwixesha eladlulayo) philiswa. Owu, onje wona umhla wosindiso! Esinjani i-esinjani isithembiso sika Emanuweli! Ukuba IyiNyaniso ngokuqinisekileyo.

⁹⁶ Wathi, "Kuyakuba mzuzwana, ihlabathi lingabisaNdibona, ke nina niyakuNdibona, ngokuba Ndi" (isimelabizo sika "Mna") "Ndiyakuba nani ndibekuni, kude kube sekuphelisweni kwehlabathi." Kwaye ke ekupheleni kwexesha, kumgwebu omkhulu, Wathi, kanye phambi kokuba wenzeke, kuyakuba njengokuba kanye wehlayo umlilo eSodom walitshisa ihlabathi leeNtlanga, ukuba kuyakufika kwakhona isityhilelo sonyana womntu kanye njengokuba kwakunjalo eSodom. Bawo, banga abantu abangesiphosi.

⁹⁷ Kwaye ndiyathandaza, Thixo, njengentwana engafezekanga, (ukuba ndithethe ngokuphosakeleyo,

ndixolele), undibuyisele emxholweni. Ndiyabathanda, Nkosi. Ndi—ndiyathandaza ukuba bangabinakusiphosa. Yenza obu bube bobunye bobusuku obukhulu, Nkosi. Banga bonke abagulayo, abaxhwalekileyo, abazimfama, nokuba yintoni na elapha, Nkosi, bangangaphiliswa ngokuhlwanje. Wanga wonke umoni angasindiswa. Ngaphakathi kanye ezintliziyweni zabo ngoku, ukuba bangabangakhohwayo, bangangamamkela uKristu ngalomzuzu. Siphe oko, Bawo. Konke kusezandleni zaKho. Sizinikela kuWe iziqu zethu, ukuze siKubone usiza phakathi kwethu.

⁹⁸ Kwaye Wathi, kuYohane 14:12, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye.” Indlela esazi ngayo ukuba Uzazisile ebantwini, kukuba Wawungulaa mprofethi wathi uMoses uyakuvela. Babengazange baba nabaprofethi amakhulu eminyaka, ukungangqinelani kwakukho macala onke, kodwa noko iLizwi likaThixo kwakufuneka lizalisekile; ngoko ke iLizwi laba yinyama, nokungangqinelani kwenza njalo nako. Kwaye, Bawo, siyakubona kwakhona namhlanje, ukungangqinelani kusiba yinyanda enye ephakamileyo, enkulu; neLizwi ke silibona lisiza ngendlela enye. Sisikelele ngokuhlwanje, Bawo. Sizinikela kuWe, neLizwi laKho. Nantoni na Osifunela ukuba siyenze, yenze ngathi, Nkosi. EGameni likaYesu. Amen.

⁹⁹ [Kukho udade othetha ngalulwimi lumbi. Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] Ngentlonipho epheleleyo. Asiyazi into Ayithethileyo. Usenokuba Ufuna ukusixelela okuthile, ngoko ke hloniphani kakhulu okomzuzu nje. [Yindawo engenanto le ekhasethini. Kukho umzalwana onika ingcaciso—Mhl.]

¹⁰⁰ Amen. Wakhe wafunda [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] ISibhalo apho lwalufika khona utshaba, apho baye behlanganisene bonke kunye, baye babe . . . utshaba lwalungumkhosi omkhulu kakhulu. UMoya kaThixo wahlela indoda, wayixelela, yaprofetha, waxela apho makuyiwe khona kuyokulindwa, baze balutshabalalisa utshaba. Nantso ke ifika kwakhona. Nantso indawo yokutshabalalisa utshaba lwakho, 'yabona, thabatha isandla sikaThixo. Isandla sikaThixo nguKristu, kakade, iLizwi, ngoko ke lithabathe ulifake entliziyweni yakho ngokuhlwanje ngoku sisabiza umgca wokuthandazela.

¹⁰¹ Ndiyakhohwa ukuba uBilly uwakhuphile amakhadi omthandazo namhlanje. O-B, B, masithathe u-B, wamashumi

asibhozo anesihlanu. Phezolo, besineshumi elinesihlanu ngokuhlwa izolo. Sibasoloko sizama ukuba sifumane ishumi elinesihlanu ngobusuku. Niwagecine amakhadi enu ke ngoko, sizakufika kuwo, ngoku. Masifumane malunga neshumi elinesihlanu. Amashumi asibhozo anesihlanu. B, njengo Branham, uyazi. U-B, amashumi asibhozo anesihlanu ukuya ekhulwini. Saye si... Masibone, ngubani ono-B, wamashumi asibhozo anesihlanu, phakamisa isandla sakho. Niqinisekile... Oo, phaya emva, kulungile, amashumi asibhozo anesihlanu nyuka uze.

¹⁰² Ngoku, unyana wam... Kuba kusenokubakho iindwendwe apha, ezingenakwazi ukuba kwenziwe njani na oku. Unyana wam uyehla eze apha mhlawumbi omnye umntu; ukuba akanakuphumelela, uMzalwan'uBorders, omnye umntu. Umntu othile uyehla, awathabathe la makhadi, ikhulu lawo, athi eme phambi kwabantu awaxubaxube. Ngoko ke ukunika ikhadi, akanakwazi ukuba uyakuba lapha eqongeni, akayazi loo nto. Nam ke andazi okwam. Ndifika ebusuku, nditsale nje abe malunga namane okanye amahlanu, kwenye indawo, apha emakhadini. Loo nto ayinayo nakancinane into yokwenza nempiliso yakho. Ungahlala nje apho. Khangela, phezolo. Bangaphi abebekhona phezolo, masibone izandla zenu? Indlela abebephiliswa ngayo abantu kuyo yonke inkonzo!

¹⁰³ Ngoku, ibingamashumi asibhozo anesihlanu, amashumi asibhozo anesithandathu, amashumi asibhozo anesixhenxe, amashumi asibhozo anesibhozo, amashumi asibhozo anethoba, amashumi alithoba. Masibezise khona ngoku. U-B, wamashumi asibhozo anesihlanu, amashumi asibhozo anesithandathu, amashumi asibhozo anesixhenxe, amashumi asibhozo anesibhozo, amashumi asibhozo anethoba, amashumi alithoba. Elo ibi... Ngokuqinisekileyo, sifuna elomnye umntu... Nanku omnye, ewe, loo nto ibiyenza ilunge. Amashumi alithoba, amashumi alithoba ukuya ekhulwini ngoku. Amashumi alithoba, alithoba ananye, alithoba anesibini, alithoba anesithathu, alithoba anesine, alithoba anesihlanu, alithoba anesithandathu, alithoba anesixhenxe, -anesibhozo, -anethoba.

¹⁰⁴ Ukuba awukwazi kushukuma, ukuba u... Ndibona ukuba sineqela, isithathu sezitulo ezinamavili apha ngoku, zine kuzo, ndiyakholwa, ndiyabona. Ukuba unekhadi lokuthandazelwa, ilinani—ilinani lakho elibiziweyo, ube ungakwazi kushukuma, phakamisa nje isandla sakho, siza kusiqhuba sinyuke size apha.

¹⁰⁵ Ukuba ke awunakhadi lakuthandazelwa, hlala nje apho uthandaze, uthi, “Nkosi Yesu, ma—ma—mayibe ndim ngokuhlwanje.” Bangaphi apha abangenamakhadi okuthandazelwa, phakamisa isandla sakho. Owu, bethu! Kulungile, ngoku masithethe nje oku, ndiyathemba ukuba ayiyikuvakala ngathi iyahlambela. Kodwa kwakukho umfazi omncinane ngaxesha lithile owayengafumananga khadi lakuthandazelwa, singatsho. Wahamba enyakathisa ezihlweleni, wathi (uphulaphulisise ke ngoku), “Ukuba ndinokuchukumisa nje umqukumbelo weengubo zalaa Ndoda, ndiyakuphiliswa.” Bangaphi abalaziyo eloo bali? Kulungile. Wenza ntoni ke? WaMchukumisa, wahamba wayakuhlala phantsi. Waguquka ke uYesu, Wayesazi ukuba wayendawoni na. Akunjalo? Wayeyazi ukuba yayiyintoni na inkathazo yakhe. Akunjalo? Wayeyazi ukuba yintoni na inkathazo yakhe, ngoko ke Wamxelela ukuba yayiyintoni na inkathazo yakhe. Kwaye weva emzimbeni wakhe ukuba ithombo legazi lalinqamkile. Akunjalo? Ngokuba kutheni? Wayechukumise Yena.

¹⁰⁶ Ngoku, mangaphi aMakristu apha ngokuhlwanje aziyo, ngokwaMahebhene, iNcwadi yaMahebhene, ukuba uYesu khona ngoku unguMbingeleli oMkhulu, uMbingeleli oMkhulu onokovelana nezilwelwe zethu? UnguYe? Kulungile, ukuba Usenguloo Mbingeleli Mkhulu, kwisikhundla esinye, uMbingeleli oMkhulu, unokusebenza njani ngoko? Unokusebenza kanye njengoko Wenzayo ngoko. Uyayikholelwa loo nto? Unokusebenza kanye njengokuba Wenzayo ngoko, ukuba unokuyikholelwa loo nto. Kulungile. Bangaphi abakholwayo koko, phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndiyayikholelwa ngenene”?

¹⁰⁷ Kulungile, phambi kokuba benze umgca wokuthandazelwa, masibe nomgca wokuthandazela phaya phantsi. Ndiyazi ukuba Ulapha. Ndi—ndi—ndiyabuva uBukho baKhe, kwaye ndi—ndiyazi ukuba Ulapha. Yizani. Sowulungile umgca wokuthandazela? Bendizakubiza phaya phantsi. Suka nje—suka nje uthandaze, khangela nje ngapha uthandaze, Mkholelwe nje kuphela.

¹⁰⁸ Inenekazi elincinci elihleli phaya elijonge kanye apha kum, lihleli ecaleni kwenenekazi elifake iindondo. AniKuboni nakuya kundanda phezu kwalaa mfazi? Khangela apha. 'Yabona? Ubulawa yinkathazo yentliziyo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakuphilisa. Ukuba uyakholwa, phakamisa isandla sakho. Ibiyiloo nto inkathazo yakho. Kunjalo. Ngoku ukuba

ibiyinkathazo yakho leyo, phakamisa isandla sakho ukuze abantu babone, siphakamise ngolohlobo isandla sakho. Ngoku, awusenayo konke ngoku. Ukhoho lwakho lukuphilisile.

¹⁰⁹ IsekwanguYe izolo, namhla, nangonaphakade. Owu, kukho ukungangqinelani; kodwa uYesu Kristu usekwanguye izolo, namhla, nangonaphakade. Oku...Ngoku qhuba nje uthandaze, 'yabona, akufuneki de ube lapha phezulu, ukuze ube nokwazi.

¹¹⁰ Ngoku, linenekazi eli. Ngokokwazi kwam, andizange ndalibona ebomini bam, lingumfazi nje omi apha, onekhadi lokuthandazelwa, kwaye ubungazi nokuba uzakubizwa na okanye hayi. Kukho mntu nje okunike ikhadi, waze—laze inani lakho labizwa, ngoko usuke weza nje apha. Akunjalo? Kwaye andinandlela yakwazi ukuba uyintoni na, ungubani na, uvela phi na, ufuna ntoni na, andazi nto konke ngoko. Ndiyindoda nje, wena ungulaa mfazi. Kunjalo. Lo mfanekiso mnye wavela ngaxesha lithile eBhayibhileni, uYohane Ongcwele, isahluko se-4.

¹¹¹ Ngoku uthi, “Wenze ntoni, Mzalwana uBranham, ke ngoko, kumzuzu odlulileyo.” Nditsalele nje phakathi kancinane kulaa mandlana, 'yabona. Andazi, yabona. NguYe ofanelwe kukukwenza. Andazi. Kwenzeke njani kulaa mfazi uphaya phantsi? Andizange ndimbone laa mfazi ebomini bam. Ungowasemzini ngokupheleleyo kum. Ndiyakholwa ukuba ibingumfazi. Ngubani lo mntu usand'ukuphiliswa khona ngoku apha endimbaneni? Phakama...Ewe, asazani thina sobabini? Ukuba yinyani leyo, shukumisa isandla sakho ngoluhlobo. 'Yabona? Andizange ndimbone laa mfazi. Kodwa ebheleli nje phaya, ekholwa. Ngoku, uchukumise Okuthile, akenzanga njalo? Bekungayi kunceda nto ukuchukumisa mna.

¹¹² Kodwa awuboni ke ukuba iBhayibhile iliLizwi likaThixo kanye? IsekwanguYe izolo, namhla, nangonaphakade. Siba yiminquba ephilileyo kaMoya Oyingcwele onguKristu. 'Yabona? YiMbewu yokwenene ke leyo. Ke ukuba laa Moya Oyingcwele wokwenene ungene kuwe iMbewu yokwenene yeLizwi, hayi...Awuyi kuthabatha kuphela inxenywe yaLo (ngokuba uSathana uyalisebenzisa eLo), kufuneka uLithabathe lonke, 'yabona, lonke iLizwi laKhe; kuba, Akasosiqingatha sikaThixo, UnguThixo wonke. 'Yabona? Yiloo nto ke eyenzekayo.

113 Ngoku, nanku umfazi, andizange ndambona. UYesu wakhe wafumana umfazi onje ngaxesha lithile, mhlawumbi engekho kwimeko enye nalo, andazi. Waye ke ehleli equleni. Yena—Yena ke wayemelwe kukuhla aye kwelamaSamariya. Sifumanisa ke ukuba iSamariya yayiphantsi kwenduli. Waye—waye ke Esiya eYeriko, gxebe, waza ke Wajikela ngaseSamariya, wayakufika kwisixeko saseSikare. Waza wahlala phantsi phezu kwequla, wathuma abafundi baKhe ukuya kufuna ukutya.

114 Zingaphi intlanga zabantu ezikhoyo ehlabathini? Zintathu. Ngabantu bakaHam, uShem, noYafate. Sonke sivela kuNowa. Lonke ke elinye ihlabathi latshatyalaliswa ngeloo xesha. Zintathu kuphela iintlanga zabantu, ngamaYuda, iiNtlanga, namaSamariya (wona lawo ayephakathi kobuYuda neeNtlanga). Zezo kuphela ke iintlanga ezisehlabathini, 'yabona, zintathu kuphela.

115 Yonke into kuThixo igqibelele esithathwini. Kanye njengesi sithathu bendithetha ngaso ngokuhlwa nje: izigaba ezithathu zokungangqinelani, izigaba ezithathu iLizwi lenziwe inyama, njalonzalo. 'Yabona?

116 Ngoku, Waye—Wayethetha kumaYuda ke, waxelela uFiliphu, akuzisa uNataniyeli apho wayekhona, wathi, “Ndambona esephantsi komthi.” Waxelela... U-Andreya xa wayezise uPetros, Wathi, “Igama lakho unguSimon, kwaye uyakubizwa ngokuba ungu'Petros' ukusukela ngoku.” Wathi, “Ungunyana kaYona.” 'Yabona? Ngoku, yayingamaYuda onke lawo.

117 Kodwa ngoku Uya koweNtlanga...ingengoweNtlanga, kodwa umSamariya.

118 Ngoku lithuba leeNtlanga. Akazange ayenze loo nto nangexesha elinye kwiiNtlanga. Ziphengululeni iZibhalo. Akazange. Kodwa wathembisa, kuLuka 22, ukuba Uyakuyenza kanye phambi kokuba eZe.

119 Kodwa Wahlala phantsi apho, naku kusiza umxube womYuda neNtlanga, umfazi. Waze wathi kuye, “Mfazi, Ndiphathele ndisele.”

120 Waze yena wathi, “Ngoba, awunakucela oko, kangako. Si... Kukho ucalucalulo apha. UngumYuda, kwa—kwaye mna ndingumSamariya.”

121 Wathi, “Kodwa ukuba ubusazi ukuba nguBani na lo uthetha naye, ubuyakucela kuM into eselwayo.” Kodwa

waYesenza ntoni? Wayehlangana nomoya wakhe. Kodwa nje ukuba Ayazi ukuba yayiyintoni na ingxaki yakhe, kwalunga, Wamxelela ukuba ayokubiza indoda yakhe. Wathi yena wayengenayo. Wathi Yena, “Yinyaniso leyo, ubunawo emahlanu.”

¹²² Ngoku, khangela, abaFarasi baMbona esenza loo nto. Kanye, kanye okwaa kungangqinelani kuphakathi kweLizwi, bathini ke? Bathi, “Le ndoda nguBhelezabhule, ngumvumisi.” ‘Yabona?

¹²³ UYesu wathi, “Nabani na othethe oko kuMoya Oyingcwele xa Athe weza ezokwenza kwaloo nto, akanakuze axolelwe.” Nako ke ukungangqinelani kwakho. ‘Yabona? Kodwa wathi Uyakuba xolela ngoko, ngokuba uMoya Oyingcwele wayengekafiki; iDini, iMvana yayingekafi.

¹²⁴ Kodwa laa mfazi wayengacingi loo nto. Wathi laa mfazi, “Mhlekezi, ndiyaqonda ukuba Ungumprofethi.” Babengazange babe namprofethi amakhulu eminyaka. Wathi, “Ndiyaqonda ukuba ungumprofethi. Ngoku, siyazi ukuba uMesiya, ekuthiwa nguKristu, Akufika, Uyakwenza loo nto kanye.”

¹²⁵ Kulungile, ukuba Wenza loo nto, ngoko isekwanguYe izolo, nanamhla. Yindlela aWazazisa ngayo leyo ngoko, asiyonto inye nanamhlanje? Inyanzelekile ukuba ibe yiyo! Ngoku, nanku umfazi nendoda behlangana kwakhona. Akanguye laa mfazi, nam andiyiyo laa Ndoda. Kodwa nangoko laa Moya Uyingcwele mnye ulapha, wenza isithembiso sokuba imisebenzi aWayenzayo, siyakwenza kwa into enye ngemihla ayakutyhileka ngayo uNyana womntu.

¹²⁶ Ngoku, ekungakwazini (kwaye uyazi ukuba yinyaniso leyo), asazani ngokupheleleyo, njengokuba umi apha. Kukho oku... Mhlawumbi kukho undonakele kuwe, mhlawumbi akakho, andazi. Kodwa ukuba iNkosi uYesu iyakundityhilela ngoMoya waYo Oyingcwele, ukuba yintoni na inkathazo yakho, uyakuYikholwa ngoko ukuba nguNyana kaThixo, ingengomntu? Lixolo nje eli, lo mnquba a—awusebenzisayo uThixo, nabani na Athe wamnyula. U—Ukwenza oko ngobabalo olukhulu nonyulo. Ngoko, kodwa kholwa. Uyakholwa? [Umfazi uthi, “Amen”—Mhl.]

¹²⁷ Bangaphi apha endimbaneni abayakuyikholelwa? Naku simi apha sobabini phambi kweZibane, singazange sahlanguana ebomini, ndingenawo namarhe okuba ngubani na lo mfazi,

uyintoni na, uvela phi na, ufuna ntoni na. Andizange ndambona ebomini bam, kanye njengokuba ndingazange ndambona laa mfazi *uphaya* phantsi ebomini bam. Kodwa, 'yabona, nantsi into endizama ukuyenza: susa oko kungangqinelani kumke kuwe ngoku, ukholwe liLizwi ngexesha iLizwi lenziwe inyama kanye apha phakathi kwethu. ILizwi liya liphila kweyethu inyama, oko kubonisa uBukho bukaThixo.

¹²⁸ Ngoku wanga Angampha. Ufuna into ebalulekileyo. Akanamntwana, ufuna usana. Umalunga namashumi amane eminyaka ubudala. Oko ngokuqinesekileyo akuyonto ingenakwenzeka.

¹²⁹ Bahleli phaya phantsi kanye ngoku, abafazi ababengamadlolo ubomi babo bonke, baza beza apha eqongeni ngolu hlobo, yaza iNkosi yabapha abantwana. Abanye apho kuni abaziyo mabaphakamise isandla. 'Yabona? 'Yabona? Ndafunqula intombazanana ethandekayo ngenye imini, ngeCawe, emva kokuphuma kwam apha, emva kwemini ngeCawe; umama wayo owayengazali, yathetha iNkosi. Loo ntombazanana ke, intwanazana eyeyona ithandekayo, ingaba ikho apha? Indawoni? Ewe, nantsi kanye apha, ihleli kanye...ndicinga, ngomama wayo ehleli phaya. Nantsi le ntombazanana, ngokwayo. Uyayibona? YayiliLizwi elithethiweyo livela kuThixo.

¹³⁰ Ngoku, uzakuMkholelwa ngentliziyo yakho yonke? Uyakholwa ukuba loo ntsikelelo unayo, le uyivayo ngaphakathi kwakho ngoku, ibinguThixo ephendula? Ukuba uThixo angandixelela ukuba igama lakho ungubani na, ukuze ube nokumthiya igama umntwana, ungakholwa? Ngoko, Nkosk. Thompson, ungagoduka umfumane umntwana wakho, ukuba uyakuyikholelwa ngentliziyo yakho yonke.

¹³¹ Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Kholwa nje kuphela, ungathandabuzi, kholwa nje kuThixo. UThixo nguThixo.

¹³² Kunjani, Mhlelazi? Ndiyakholwa ukuba asazani, nathi. Linye kuphela ixesha ndikubona ebomini bam, endazi ngalo, kungoku ubusiza phaya. Bendicinga ke ukuba unguyisekazi kaMzalwana uShakarian, okanye ngubani...uMashagian, kaMzalwana uMashagian, lo uculayo, ngelixesha ubusiza. Ndaza ndabona ukuba uya kumgca wokuthandazela. Ngoku, njengokuba ungowasemzini kum, kwaye, okanye kuwe, nam ndingazani nawe, macala omabini. Ngoku, ukuba iNkosi uYesu iyakundixelela into o—oyiyo, mhlawumbi into

oyifunayo, masitsho mhlawumbi; akuxelele ukuba yintoni na, andixelele ukuba ufuna ntoni na. Ngoku, sele ekunikile kade. Inye nje into lukholo olwaneleyo lokuyikholelwa.

¹³³ Ngoku, bangaphi abakuqondayo oko? Ukholo nje olwaneleyo lokuba ukholwe ukuba uyakukufumana okuthandazelayo! 'Yabona?

¹³⁴ Ngoku, ngoku, ukuba unyuke weza apha uzele into, Abe enokundixelela ukuba uyintoni na umnqweno wakho, ube usazi ukuba andiwazi umnqweno wakho, ngoko kufanele ukuba Kokuthile okulapha okwenza loo nto. Ngoku, ngokweLizwi, Wathembisa ukuba uyakuyenza loo nto. Wayezazi iingcinga ezisezintliziyweni zabo. Akunjalo? Kulungile.

¹³⁵ Unomnqweno omkhulu wokuba uphiliswe. Yinto enye, unenkathazo yemithambo yoluvo, uphatshuzela kakhulu. Kunjalo kanye. Enye into, unenkathazo yomqolo, kwaye loo mqolo ubukubambe ngamandla ixeshana, ukhe wenziwa notyando kuwo. Ngu-ITSHO INKOSI lowo. Yinyaniso leyo. 'Yabona. Kunjalo. Nantsi ke nenye into, umnqweno wakho onzulu, kukuba, ufuna ukwamkela ubhaptizo loMoya. Yinyaniso kanye leyo. Yiza apha.

¹³⁶ Thixo othandekayo, eGameni likaYesu Kristu, yanga le ndoda ingazaliswa ngoMoya Oyingcwele, phambi kokuba liyishiye le ndawo, ngeGama likaYesu. Amen.

Ngoku Wamkele, mzalwana wam. Kholwa nje, ungathandabuzi.

¹³⁷ Kunjani? Ndiyaqikelela, ngokokwam ukwazi, ukuba asazani thina sobabini. Ukuba kunjalo, kuba, ukuze abantu bazi, phakamisa nje isandla sakho ukuze bazi ukuba asazani. Andizange ndambona ebomini bam, ekwazini kwam. Ndaye ndiyaqikelela ukuba akazange andibone, ngaphandle kokuba kwakuphaya phandle endimbaneni. Ngokuba uBawo waseZulwini uyazi, kwaye nali iLizwi laKhe lingqengqe apha, ukuba andizange ndimbone lo mfazi, kolwam ulwazi, ebomini bam. Ngoko ke, andinakuyazi into ozele yona apha, andinalo nofifi lokuba ungubani na, yintoni na, okanye andazi nantoni na ngawe. Akukho nanye into endinokukuxelela yona.

¹³⁸ Inye nje into, sisipho. Ukuba ndinokuba nako... njengokuba undivile ndicacisa emzuzwini nje odlulileyo. Ndishukuma nje, ndive into Ayithethayo; into endiyibonayo,

ndinokuyithetha ke. Into Angayithethiyo, andinakuyithetha. Ndingayithetha nje ngokwam, kodwa ingaphosakala. 'Yabona? Ingaphosakala. Kodwa ukuba nguYe oyithethileyo, iyinyaniso ngokupheleleyo. Ayizange, ayizange ikhe iphosakale. Ayinakuze iphosakale okoko nje isenguThixo. 'Yabona? 'Yabona, ngokuba uThixo akanakuphosisa.

¹³⁹ Kodwa ukuba uThixo angandixelela into oyifunayo, ukuba uyintoni na umnqweno wakho, okanye—okanye ukuba yintoni na oyizeleyo apha, into ethile owayenzayo, okanye into ethile, into elolo hlobo, okanye ukuba ungubani na, uvela phi na, okanye nantoni na Afuna ukundixelela yona, uyakukholwa? Enkosi.

¹⁴⁰ Into yokuqala, ukhathazwa zinyawo. Inyawo zakho ziyakuhlupha. [Uthi umfazi, "Ewe"—Mhl.] Kunjalo. Phakamisa i... Unenkathazo yobunenekazi, ukungahambi kakuhle kokobufazi. ["Ewe"] Kwaye unomnqweno omkhulu entliziyweni yakho, ngokuba kukho umntu othile osand'ukukulahlekela okanye into ethile. Yinkwenkwe, kwaye inkwenkwe yakho ilishiyile ikhaya, yabaleka yemka, kwaye ufuna ukuba ndithandaze ukuze ibuye. ["Ewe"]

¹⁴¹ Thixo oseZulwini, mthumele umntwana wakhe. UMoya Oyingcwele mawumthintele endleleni laa mfana ngokuhlwanje, Nkosi, mthumele kunina kwakhona. NgeGama likaYesu. Amen.

¹⁴² Lowo Waziyo uzakumthumela abuyele kuwe. Musa ukuhlupheka. Kholwa ngoku, musa ukuthandabuza. Kholwa nje kuphela, ngentliziyu yakho yonke. Kholwa, uThixo ke uyakukupha konke okuseleyo.

¹⁴³ Ngoku, okokucalula kathathu okanye kane nje, nokuba kungaphi na 'yabona, ndi—ndiye kwade kwamnyama kum. Andinakuyicacisa loo nto, akukho ndlela yakuyicacisa. Uthi, "Uthetha ukuba, loo nto nje ingaphezu kokuba ubushumayela phaya imizuzu engamashumi amane anesihlanu nangaphezulu, ucinga njalo?" Ewe, mhlekazi. Nokuba ibiziyure ezintathu, bekungayi kuba ngaka.

¹⁴⁴ Umfazi wachukumisa ingubo yeNkosi yethu uYesu. Aba bantu ke abandichukumisi konke. Ngoba, lo mfazi ulapha, khangelani apha, anganako... [UMzalwana uBranham uxelela umfazi, "Beka izandla zakho phezu kwam, 'yabona.'"—Mhl.] Undichukumise ndonke, ayinakwenza nto konke loo nto, ndiyindoda nje. Kodwa kufuneka ukuba achukumise Yena.

Mna ke, ngesipho, nje—nje...kusuka nje, kumke konke okundim, ndithetha endikubonayo. 'Yabona? Yiloo nto kuphela ke. Ukundichukumisa kwakhe loo nto ayithethi nto konke, kodwa uchukumisa uYesu ngam. Yiloo ndlela ke laa mfazi awachukumisa ngayo uThixo ngoYesu, xa Wayengazi ukuba yintoni na eyayimkhathaza. Wachukumisa nje ingubo yaKhe, wahamba waya kuhlala phantsi. Waza Wathi—waza Wathi, “Ngubani lo undichukumisileyo?”

¹⁴⁵ Baze bathi abapostile, “Ngoba, bonke abantu bayaKuchukumisa nje. Kungani ukuba uthethe loo nto?”

Wathi, “Kodwa Ndiyawazi amandla aphumileyo kuM.”

¹⁴⁶ Ngoku, niyazi ukuba yintoni na amandla? Ukomelela. Waziva etyhafile ngokuthi Achukunyiswe nje ngumfazi omnye, waye ke enguNyana kaThixo. Kubeke phi ke kum, umoni osindiswe ngobabalo lwaKhe. Uyazi ukuba kutheni ukuba kube ngaphezulu? Ngokuba Wathi, “Ezi zinto ndizenzayo, niyakuzenza nani. Nezingaphezulu kwezi niyakuzenza, ngokuba ndisiya kuBawo waM.” “Emikhulu,” Itsho phaya, kodwa elona gama lililo lokutolikwa kwesiGrike lithi, “Nengaphezu kwale niyakuzenza.”

¹⁴⁷ Ngoku, inenekazi endingalaziyo. Andizange ndazi nto ngalo. Lingowasemzini kum kanye njengokuba abanye abantu benjalo. Asazani thina sobabini. Ukwenzela nje ukuba abantu bayazi loo nto, ungaphekamisa isandla sakho, uthi “asazani.” Ngoku, uNyana kaThixo, ukuba ngaxesha lithile wahlangana nomfazi omncinane kumbonwanana onjengalo, ngasequleni, waza Wathetha naye okomzuzwana, Waza wazi ukuba yayiyintoni na inkathazo yakhe, waze Wamxelela ukuba yayiyintoni na inkathazo yakhe. Waza ke ngoko wazi ngaloo nto, ukuba lowo yayinguMesiya. Ngoku ngokuba—ngokuba ndi...Undichukumisile, nam ndikuchukumisile, akukho nto yenzekileyo ke. Kodwa ukuba ukholo lwam (ngesipho sam) nokholo lwakho (ngokukholwa kuso) lungaMchukumisa, Angathetha ngathi u...nawe ngam, ukholwe ke ngoko ukuba Ulapha njengokuba Wayephaya kwi—kwiqula laseSikare. 'Yabona? UsekwanguYe izolo, namhla nangonaphakade. Uyakholwa yiloo nto?

¹⁴⁸ Uneenkathazo ezininzi kakhulu, iinkxwaleko ezininzi kakhulu, iingxakeko! Enye yezinto eziphambili ofuna ukuthandazelelwa yona kukuqaqamba kwamalungu. Kunjalo. Akunjalo? Uba nokuqina komzimba ngenxa yokuqaqamba kwamalungu. Xa ubona uphakamise ingalo yakho... .

¹⁴⁹ Kwaye ububuhamba kancinane ukuza kwakho, ekukhumbuleni kwam. Mhlawumbi ungalinda umzuzu nje, mhlawumbi kukho enye into enokuthethwa oko kuyakuthabatha i... Apha ngaphandle, u—uva izinto; abantu, uyazi, njengomphefumlo uphikisana naYo. Bathi, “Ngoba, uyiqikelele loo nto,” okanye, uyazi, into elolohlobo.

¹⁵⁰ Kodwa, ukhangeleka ungumntu olungileyo, khawuthethe nam nje umzuzwana. Makhe sime apha umzuzwana, ngokuba ndiyayicinga ukuba ikho into eyenye esentliziweni yakho oyifunayo kuThixo. Ngoku, andinakuba nako ukuphendula umthandazo wakho, kodwa Unako uku... Ngokuba, ukuba uyayikhola, sele uphendulwe. Kodwa ukuba uyafuna nje ukukholwa; ukwenza ukuba ukholwe. Ngoku, ndiyakuxelela, kunxulumene nomntu omthandayo ongekho apha, yaye ngumnakwenu lowo, loo mnakwenu ke akakho nakweli lizwe. Ukwilizwe elibumanzi, elinamachibi amaninzi. Ndingathi yindawo engathi kuseMichigan okanye enye... Ewe, kuseMichigan apho akhoyo. Kwaye uhlutshwa sisifo esingumbulali, yaye yinkathazo enganyangekiyo yezintso leyo ebekhathazwa yiyo. Yinyaniso leyo, asiyiyo? Ngu ITSHO INKOSI lowo. Ngoku, le tshefu isesandleni sakho, obuyiphakamisele kuThixo, yithumele kumnakwenu umxelele ukuba angathandabuzi, koko akholwe, oko ke kuya, uyakuphiliswa ngoku ukuba uyayikhola.

¹⁵¹ Uyakhola ngentliziyo yakho yonke? 'Yabona, ngoko, ukuba uyakhola, inye kuphela into omelwe kukuyenza, kukuba, kukuyamkela nje ngokupheleleyo. Akunjalo?

¹⁵² Ngoku uthi, “Ujonga kubo, kwaba bantu. Wenza loo nto, ukubajonga.” Uyibona kangako!

¹⁵³ Kodwa ukuze ningakwazi oku... Eli nenekazi lilapha, nyuka ngolu-hlobo, eli nenekazi, lilapha, isigulana, nokuba ungubani na. Andilijonganga. Uyakhola ukuba uThixo angandityhilela ukuba yintoni na inkathazo yakho? Phakamisa izandla zakho, ukuba uyakhola, eli nenekazi lilapha, elinenekazi lilalapha, isigulana. Ewe. Ewe. Kulungile, ngoko ukuba uyayikhola ngentliziyo yakho yonke, inkathazo yesifuba ayukuphinda ikukhathaze kwakhona. Kulungile, goduka ukholwe yiloo mpiliso ngoku.

¹⁵⁴ Khangela nje, naku. 'Yabona, U... Khangela *ngapha*, umbono ukho akukhathaliseki nokuba kuqhubeka ntoni na. Amen! Akuwuboni? Ugqibelele kanye njengokuba uThixo enokugqibelela!

¹⁵⁵ Uyakholwa, nawe? Isifuba singakuyeka, nawe, asinako? Uyakholwa ukuba singakuyeka? Kulungile, hamba uyokuxelela iNkosi uYesu ukuba u—uyaMkholwa.

¹⁵⁶ Ngenye imini kuyakufuneka ukuba ujikeleze nge—ngentongana yengcongolo ukuba okwakuqina kwamalungu kukungxwelerhile, kodwa akusoze kuyenze loo nto. Awunako, awukholwa ukuba kunjalo, uyakholwa? Uyakholwa ukuba uzakuphila? Hamba indlela yakho, uYesu Kristu uyakuphilisa.

¹⁵⁷ Inkathazo yentliziyo iyababulala abantu, kodwa akufanele ukuba ikubulale wena. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisela yona, akwenze uphile? Hamba uyikholwa ngentliziyo yakho yonke, uthi, “Ndigqibile ukuyithandazela.”

¹⁵⁸ Uyasithetha isiNgesi? Uyasiva isiNgesi? [UMzalwana uBranham uthi, “Makubekho umntu ozayo.” Kuza itoliki—Mhl.] Ewe, kulungile. Ungathetha naye into endimxelela yona? Mxelele ukuba ukuba uyakukholwa inkathazo yesisu iyakumyeka. U—uyakuyikholelwa? Inkathazo yomqolo wakho iyakukuyeka, nayo, ngoko ke ngoku unгахamba indlela yakho uphile.

Kunjani? Uyakholwa? [Umfazi uthi, “Ewe, mhlekazi”—Mhl.]

¹⁵⁹ Laa ndoda ihleli phaya ikhathazwa ngumqolo, indijongileyo ngoku bendithetha loo nto. Ingaphiliswa, nayo, ukuba uyakholwa, mhlekazi. Kulungile, mhlekazi.


¹⁶⁰ Elaa nenekazi lihleli kanye apho ecaleni kwakho, unenkathazo yentamo, awunayo, nkosazana? Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Ufuna ukubeka izandla kule nkwenkwana ngenxa yamadolo ayo, ukuze iphile, nayo. Uyayikholelwa? Ubunenkathazo yobufazi, inkathazo yamanenekazi, awunayo ngoku. Ukholo lwakho lukuphilisile lwakwenza waphila.

¹⁶¹ Uyakholwa kuYesu Kristu, inguye izolo, namhla, nangonaphakade? Ngoko masibekane izandla sithandaze lo mthandazo wokholo, sonke ngabanye, sithandaze umthandazo wokholo.

¹⁶² Thixo othandekayo, ngoku sisagutyungelwe oluhlobo kuBukho baKho obuNgcwele, ukuKubona uhambahamba phakathi kwesihlwele, uphilisa abagulayo yonke indawo. UnguThixo. Ndiyathandaza ukuba Uphilise le ndimbane

iphela. Makuthi ukuPhefumla kukaThixo kuwe ngokutsha ezintliziyweni zabo, baze bazi ukuba ixesha liyaphela. Sinexeshana nje elincinane eliseleyo lokuba sibelapha, size ke siyokuba naYe Lowo simthandayo. Banga ke ngoku uBukho baKhe bungezisa impiliso kuye wonke ubani.

¹⁶³ Siyamqalekisa uSathana, siqalekisa zonke izenzo zakhe. NgeGama likaYesu Kristu, Sathana, phuma ebantwini.

¹⁶⁴ Bonke abayakukholwa kuYe ngoku, namkele impiliso yenu, yimani ngenyawo, nithi, “Ngoku ndiphakamela ukwamkela impiliso yam. Ndiyayikholelwa.” Nokokuba ithini na imeko yakho, ukuba uyayikholwa ngenene, yima ngenyawo. Ngoku phakamisa izandla zakho, uze uthi, “Enkosi, Nkosi Yesu, ngokundiphilisa.” UThixo abe nani. 

*Imbewu Yokungangqinelani, Umq. 2 Inani 4
(Seed Of Discrepancy, Vol. 12 No. 5)*

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe emva kwemini umhla we-18 ka Janywari, mgowe-1965, e-Westward Ho Hotel, ePhoenix, Arizona, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1994 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org